IsiXhosa

IMathematika

Mathematics

3

Ikota 1 | Term 1

Utitshala | Teacher: .....

Bala Wande
Calculating with Confidence

3

Ikota 1 ⋮ Term 1

IMathematika

Mathematics

INcwadi kaTitshala

Teacher's Guide

IsiXhosa ⋮ English

Le ncwadi sisiqhamo sentsebenziswano phakathi kweqela elibizwa ngokuba yi*Bala Wande–Magic Classroom Collective team* kunye neqela lokuqinisekisa elenziwe ngabantu-ngabantu abakwiiyunivesithi eziliqela ezahlukileyo, imibutho engalawulwa ngurhulumente (NGOs) esebenza ngemathematika kwakunye neSebe leMfundo esiSiseko. Ezi zixhobo zokufunda zithathela kwiincwadi zemisebenzi eziqulunqwe liSebe leMfundo esiSiseko nakuphindaphindo lwezicwangciso zezifundo (GPLMS, Jika iMfundo, NECT neTMU). Iibhokisi zezixhobo zokusebenza ngobuchule zeBala Wande zayilwa ngokucebisana nabakwaJade Education. Ezi bhokisi zinezixhobo zodidi oluphezulu eziyinxalenye ebalulekileyo yenkqubo yokufundisa nokufunda.

The development of this workbook was carried out by the collaborative *Bala Wande–Magic Classroom Collective team* in consultation with a reference team made up of individuals from several universities, mathematics NGOs and the Department of Basic Education. These materials draw on the DBE workbooks and existing iterations of lesson plans (GPLMS, Jika iMfundo, NECT and TMU). The Bala Wande manipulative boxes were designed in consultation with Jade Education. The boxes provide high quality materials which are an integral part of the teaching and learning programme.

Artists: Mary-Anne Hampton, Angie Bowring and Lexi Meier

www.fundawande.org
ISBN: 978-1-998960-52-1
Version 3: 2025

IZIQULATHO | CONTENTS

Inkqubo yeMathematika yeBala Wande

IFunda Wande ngumbutho ongenanjongo zakwenza nzuzo, oneenjongo zokuqinisekisa ukuba bonke abafundi baseMzantsi Afrika bayakwazi ukufunda ngokuqonda/ukufundela intsingiselo ngeelwimi zasemakhaya kunjalonje babale ngokuzithemba xa beneminyaka eli-10. IBala Wande yinkqubo ehamba neFunda Wande yemathematika (yezibalo) ejolise ekubeni bonke abafundi baseMzantsi Afrika bafumane isiseko esisiso semathematika kwakwiminyaka yamabanga aphantsi.

Isikhokelo sikatitshala seBala Wande sinika umkhombandlela wemihla ngemihla wokufundisa imathematika ngendlela eza kubangela ukuba abafundi bayiqonde, bayazi imathematika kwaye baqale ukubala ngokuzithemba. Ewe, Inkqubo yeBala Wande ijolise ekufundiseni abafundi ukubala ngokuzithemba xa bephumelele ibanga lesi-3. Le nkqubo yenzelwa kanye ikharityhulam yaseMzantsi Afrika kwaye ihambelana nqo neCAPS. Umxholo, ukwabiwa kwexesha kunye novavanyo lwezifundo, konke oku kusekelwe kwiCAPS.

Izixhobo zezifundo zeBala Wande zibandakanya Isikhokelo sikaTitshala, Incwadi yemisebenzi yabafundi kunye nezinye izixhobo ezisetyenziswa ngootitshala nabafundi ekufundeni (jonga kumaphepha 6 & 7).

1. Wamkelekile kwiBanga lesi-3!



Sinqwenela ukuba abafundi babe nemikhwa emihle xa besenza izibalo kwasekuqaleni. Thetha nabo ngokuqaphela ngenyameko loo nto bafanele ukuyenza. Ngosuku ngalunye xa uqalisa umsebenzi waseklasini abazenzela bebodwa abafundi, bacele bajonge emaphepheni baze bakuxelele abakubonayo. Bacinga ukuba bafanele ukwenza ntoni?

Isiqhelo 1: Siyazikhangela. Ndibona ntoni? Kufuneka ndenze ntoni?
Isiqhelo 2: Sizoba imifanekiso. Ndingazoba ntoni enokundinceda ndisombulule le ngxaki?
Isiqhelo 3: Sithetha sikhwaza ngezibalo (ngemaths).

Eyona njongo yethu iphambili kulo nyaka kukukhuthaza abafundi ukuba bathethe bakhwaze ngemaths. Yonke imihla, kufuneka ujolise ekubandakanyeni abafundi abaninzi kangangoko kwingxoxo yeklasi yonke. Hamba-hamba uququzelele umsebenzi waseklasini abazenzela bebodwa abafundi – buza imibuzo evavanyayo ngenjongo yokufumanisa ukuba ingaba abafundi bayayiqonda na into abayenzayo. Mamela imibuzo abayibuzayo uze ubaphendule ngokucacileyo.

Beka iliso kubafundi abatsala nzima ngengqiqo yamanani alula. Ukuba kukho abafundi abangawaqondiyo amanani asisiseko aqala ku-0 ukuya kwi-10, banike imisetyenzana eyongeziweyo ukuze basebenze ngamanani akolu luhlu kwaye umane ubabuza ngamanani neebhondi zamanani ezikolu luhlu ude uqonde ukuba bayakwazi ukusebenza ngokuzithemba ngamanani aqala 0 ku-ukuya kwi-10.

Zonke izixhobo zokufunda zeBala Wande zifumaneka ngeelwimi ezimbini. Oku kwenzelwe ukunika inkxaso kuphuhliso lolwimi/lwesigama semathematika ngesiXhosa nangesiNgesi. Oku kwenzelwa ukuba kube lula ukutshintshatshintsha phakathi kwezi lwimi xa kuthethwa ngemathematika. Isichazimagama seBala Wande siza kukunceda ukwazi ukusebenzisa iilwimi ezininzi xa ucacisa amagama athile emathematika xa kuyimfuneko.

Ootitshala abaninizi bemathematika baseMzantsi Afrika bayazixuba iilwimi xa befundisa ngeenjongo zokunceda abafundi babo babe nokuqonda isigama semathemaetika. Ukuxuba iilwimi kunceda ootitshala nabafundi bakwazi ukusebenzisa izakhono zabo zolwimi ekufundeni endaweni yokunyinwa lulwimi olunye. Esi siqhelo sisetyenziswa nakumazwe ngamazwe kwaye sibizwa ngokuba yi-'translanguaging' ukuwela imida yeelwimi.

KwisiGaba esiSiseko, ukufundisa imathematika nokufundisa ulwimi kwenziwa ngaxeshanye. Inkqubo yeBala Wande ilungiselelwe ukuba ikuxhase kanye ekwenzeni oku.

The Bala Wande Foundation Phase mathematics programme

Funda Wande is a not-for-profit organisation that aims to ensure that all learners in South Africa can read for meaning and calculate with confidence in their home language by the age of 10. Bala Wande is the accompanying mathematics programme that aims to ensure that all learners in South Africa get an effective grounding in mathematics in the early primary school years.

The Bala Wande mathematics programme provides a day-by-day guide on how to teach mathematics so that learners will develop their mathematical understanding and begin to calculate with confidence. The programme was developed specifically for the South African curriculum and is CAPS-compliant. The content, time allocation and assessment for learning all are based on the CAPS.

The Bala Wande course materials comprise a Teacher's Guide, a Learner Activity Book and manipulatives for both teacher and learners (see pages 6 & 7).

1. Welcome to Grade 3!



We would like learners to establish good habits while doing maths right from the start. Talk to them about looking carefully at what they are supposed to do. Each day when you introduce the independent classwork, help learners develop these habits:

Habit 1: We look for ourselves. What do I see? What must I do?
Habit 2: We draw pictures. What can I draw to help me solve the problem?
Habit 3: We talk out loud about maths.

Our biggest goal this year is to encourage learners to start to talk out loud about maths. Aim to involve as many learners as possible in the active whole class discussions. Walk around and facilitate the independent classwork – ask probing questions to find out if learners understand what they are doing. Listen to the questions they ask and respond as clearly as possible.

Keep an eye out for learners who are struggling with things such as basic number concept. If there are learners who do not seem to understand basic numbers from 0 to 10, give them extra activities to work with numbers in this range. Keep asking them questions about numbers and number bonds in this range until you see that they are able to work confidently with the numbers 0 to 10.

The Bala Wande material is all bilingual. It supports the development of mathematics language in both Afrikaans and English by moving naturally between languages when speaking about mathematics. The Bala Wande dictionary will help teachers use more than one language to explain mathematical words if necessary.

Many South African mathematics teachers already code-switch to help their learners understand mathematical concepts and terms. Code-switching allows teachers and learners to draw on all of their language skills to learn, rather than being limited by one language only. This practice is used internationally and is also called 'translanguaging'.

In the Foundation Phase, teaching mathematics and teaching language go together. The Bala Wande programme has been planned to support you in this teaching.

2. Izixhobo zokufunda zeBala Wande zabafundi nootitshala

Isikhokelo sikatitshala seBala Wande

- isishwankathelo semiba eza kufundiswa kwiveki nganye
- Izibalo zentloko ezicwangciselwe imihla yonke (iintsuku 1–4)
- imisebenzi yokufundisa engundoqo exhaswa ziipowusta nezixhobo ezisebhokisini (iintsuku 1–4)
- iikopi zamaphepha eeNcwadi zemiSebenzi yabaFundi zeBala Wande zolo suku (ezifakwe ngokulandelelana kwisiKhokelo sikaTitshala) ezinezisombululo namanqaku katitshala
- uvavanyo olujolise ekufundeni (usuku lwesi-5 kwiiveki 2–8)
- uqukaniso (usuku lwesi-5 iiveki 1–10)



Incwadi yemisebenzi yabafundi yeBala Wande

- imisebenzi yemihla ngemihla ehambelana nemisebenzi yezifundo
- imisebenzi yemihla ngemihla yabafundi abaza kuyenza ngabanye-ngabanye okanye ngokwamaqela
- imidlalo ehambelana nemisebenzi yezifundo

Isichazimagama esineelwimi ezimbini

- isichazimagama esineelwimi ezimbini sesigama semathematika sesiGaba esiSiseko esineenkcazelo nemizekelo



Iividiyo

- iividiyo zezifundo ezinemifanekiso yaseklasini katitshala efezekisa ezinye zezifundo ezicwangcisiweyo
- iividiyo zoqeqesho zinika umfanekiso weklasi enemiboniso yoopopayi eqaqambisa nekwazekelisa ngeendlela eziphambili zokufundisa iMathematika kwisiGaba esiSiseko

Iipowusta

- ikhalenda
- irejista yeklasi ekwizakhelo zeshumi
- iipowusta ezihambelana nezicwangciso zezifundo

Izixhobo zokufunda ezisetyenziswa ngutitshala nabafundi

- iindidi ngeendidi zezixhobo zokufunda eziphathwayo ezinokusetyenziswa ngootitshala nabafundi eklasini

Izixhobo zovavanyo

- isicwangciso sekota sovavanyo
- imisebenzi ethethwayo neyenziwayo eneerubriki/ enoluhlu lokuqwalaselwayo (zi-2 ngekota nganye)
- imisebenzi nemisetyenzana yovavanyo ecwangcisiweyo ngosuku lwesi-5 lweveki nganye (liveki 2–8: (jonga kumaphepha angasemva esi sikhokelo)
- Iqhagamshela lekhowudi yeQR yesakhelo samaphepha amanqaku



Sebenzisa ezi QR codes ukuze ukhuphele amaphepha okumakisha imisebenzi yohlolo..

Uxwebhu lokumakisha lwakwaFunda Wande

2. Bala Wande learner and teacher support materials

Bala Wande Teacher's Guide

- overview of the concepts to be taught each week
- Mental Maths activities for every day (Days 1–4)
- core concept teaching activities supported by posters and manipulatives (Days 1–4)
- copies of the Bala Wande Learner Activity Book pages for the day (embedded in sequence in the Teacher's Guide) with solutions and teacher notes
- assessment for learning (Day 5, Weeks 2–8)
- consolidation (Day 5, Weeks 1–10)





Bala Wande Learner Activity Book

- daily activities that align with the lesson activities
- daily activities for learners to work on independently or in groups
- games aligned with the lesson activities

Bilingual dictionary

- a bilingual dictionary of Foundation Phase mathematical terms with explanations and examples



Videos

- lesson videos showing classroom footage of teachers implementing some of the planned lessons
- training videos that provide classroom footage combined with animations which highlight and exemplify good methodologies for the teaching of mathematics in the Foundation Phase

Posters

- a calendar
- a ten frame class register
- posters aligned to the lesson plans

Manipulatives for the teacher and learners

- a variety of manipulatives for teachers and learners to use in the classroom

Tools for assessment

- assessment plan for each term
- oral and practical activities with rubrics/checklists (2 per term)
- planned assessment tasks and activities for Day 5 of each week (Weeks 2–8: see back pages of this guide)
- QR code link to mark sheet templates



Sebenzisa ezi QR codes ukuze ukhuphele amaphepha okumakisha imisebenzi yohlolo..

Uxwebhu lokumakisha lwakwaFunda Wande

Uluhlu lwezinto ezifunekayo • Checklist

Iipowusta • Posters

Ikhalenda
Calendar

Izikwere ezili-100
100 square

Isikwere se waka 1000
1000 square



Amagama amanani 100-1000 (isiXhosa)
Number names 100-1000 (isiXhosa)

Imali
Money

Itshathi yocwangciso-manani
Array chart

Itshathi yophin-daphindo
Multiplication chart

Iintsuku zeveki
Days of the week



Iinyanga zonyaka
Months of the year



Ipowusta yexesha elisetyenzisiweyo
Time elapsed poster

Iindonga zamaqhezu
Fraction walls



Iimilo ze-2-D
2-D shapes



Izinto zemilo ye-3-D
3-D objects

Umgcamanani (ongenanto 0-10 no-0-20)
Number line (0-10 and 0-20 blank)

Izixhobo zootitshala nabafundi • Teacher and learner manipulatives

Amakhadi amanani 0-1000 (ootitshala)
Number cards 0-1000
(teacher)
Amakhadi amanani 0-20 (abafundi)
Number cards 0-20
(learner)



Oonotsheluza manani 0-1000 (ootitshala nabafundi)
Flard cards 0-1000
(teacher and learner)



Amakhadi amachokoza 0-10 (alingene ukubonisa)
Dot cards 0-10
(demo size)



Ikiti yamaqhezu emagnethi (ootitshala)
Magnetic fraction kit
(teacher)

Ikiti yamaqhezu (yabafundi)
Fraction kit
(learner)

Iibloko zesiseko seshumi – ama-1000, ama-100, ama-10, noo-1 (ootitshala nabafundi)
Base ten blocks – 1000s, 100s, 10s, 1s
(teacher and learner)



Amadayisi amabini kumfundi ngamnye
2 dice per learner

Isicuku semali (ootitshala nabafundi)
Money pack
(teacher and learner)

Iwotshi encinci yomfundi eneeyure ezingama-24 (ootitshala nabafundi)
24-hour small clock
(teacher and learner)

Iseti yeejagi zokulinganisela
Measuring jugs set

Irula egotywayo ye-1 m
1 m fold up ruler

Iinethi zeemilo ezine-3-D (ezikatitshala zokubonisa)
3-D shape nets
(teacher demo)



Iteyiphu yokulinganisela e-1 (yokwabelana)
1 tape measure
(to share)

Iinethi zeemilo (iphepha)
Shape nets
(paper)



3. Ukusebenzisa inkqubo yeMathematika yeBala Wande

Lungiselela iveki nganye

Iphepha lokuqala lamagqabantshintshi eveki liqulethe oku

Isishwankathelo esifutshane sezibalo zentloko nemisebenzi yezifundo zeveki nezixhobo zokufunda ekufuneka uzilungisile

Uluhlu lweenjongo zeveki onokuzisebenzisa ukuqinisekisa ukuba iklasi yakho isekhondweni elichanekileyo

Inkcazelo yomsebenzi wovavanyo enikwa ngosuku lwesi-5 lweveki



IVEKI 1 • WEEK 1

Amanani ukuya kwi-100

	Izixhobo
Izibalo zentloko: Yenza ama-20 ngamakhadi amachokoza	amakhadi amachokoza katitshala
Umdlalo: Mangaphi ama-10? Mingaphi imivo?	iibloko zesiseko se-10

Usuku	Umsebenzi wesifundo	Izixhobo zezifundo
1	Amanani ukuya kwi-100	iLAB, iibloko zesiseko se-10, ipowusta yezikwere ze-100
2	Inani 100	iLAB, iibloko zesiseko se-10, ipowusta yezikwere ze-100, umgcamanani ongenanto
3	Ubhalo olwandisiweyo nama-10	iLAB, iibloko zesiseko se-10, oonotsheluza
4	Ukuthelekisa nokucwangcisa amanani ukuya kwi-100	iLAB, ipowusta yezikwere ze-100, umgcamanani ongenanto
5	Uqukaniso	iLAB

Emva kwale veki umfundi kufuneka akwazi ukwenza oku:	✓
ukusebenza ngamanani ukuya kwi-100 ngaphandle kwengxaki.	
ukuthetha ngekhulu ngokwama-10, awazi namanani anokwahlulwa abe ngama-10 nemivo.	
ukubhala amanani esebenzisa ubhalo olwandisiweyo ngama-10 nemivo (oo-1).	
ukusebenzisa ulwazi lwabo lwexabiso lendawo ukuthelekisa amanani besebenzisa ama-10 nemivo.	

Uvavanyo

Akukho vavanyo lusesikweni kule veki.

Kufuneka ubaqaphele yonke imihla abafundi abaseklasini yakho kwaye uthathe amanqaku njengenxalenye yovavanyo oluqhubekayo olungekho sesikweni olujolise ekufundeni.

20

Iphepha lesibini lamagqabantshihtshi eveki liqulethe oku.

Inkcazelo yeziBalo zeNtloko nomdlalo weveki. Ukuba kukho ividiyo exhasa le misetyenzana, iikhowudi zempendulo ekhawulezayo (QR) ziyafumaneka

Inkcazelo yesigama esingundoqo oza kusifundisa kule veki. Amanqaku malunga nesigama esiza kusigxininisa kule veki. Ukuba kukho ividiyo exhasa le misetyenzana, iikhowudi zempendulo ekhawulezayo (QR) ziyafumaneka

Uluhlu lwezinto ekufuneka ziqatshelwe ngootitshala ezifana neempazamo ezenziwa rhoqo ngabafundi, izimvo ezibalulekileyo ezinokugxininiswa nesigama esingundoqo seveki



IVEKI 1 • WEEK 1

Amanani ukuya kwi-100

Izibalo zentloko

Kule veki sibethelela ulwazi lweebhondi zama-20 ngokusebenzisa amakhadi amachokoza. Abafundi kufuneka babe nombono we-10 ngokuzalisa izakhelo zeshumi ezenziwe ngamakhadi amachokoza ashicilelweyo baze bakhe ama-20. Lo msetyenzana uqinisa ulwazi lwabafundi lweebhondi zeshumi nolwalamano olongezelelwayo.

Umdlalo

Kulo mdlalo abafundi basebenzisa iibloko zesiseko se-10 ukuze bacalule amanani amivo mibini. Baza kukwazi ukubonisa nokuchaza ama-10 nemivo kwinani ngalinye babonise namanani besebenzisa iibloko zesiseko se-10.

Uphuhliso lwengqiqo

Kule veki sigxila kumanani ukuya kwi-100. Izifundo zale veki zihlaziya eminye yemisebenzi efundwe kwibanga lesi-2, ukusebenza ngamanani ukuya kwi-100 nokufumanisa ingqiqo yenani i-100. Siza kujolisa koku:

- ulwalamano phakathi kwemivo, ama-10 ne-100. Abafundi baza kubona bathethe ngamanani amivo mibini aboniswe ziibloko zesiseko se-10, oonotsheluza, kumgcamanani nakwisikwere se-100 besebenzisa iisimboli zamanani (amanani).
- ukubhala amanani kwizahlulo zomgcamanani (0-100) ukuze bawathelekise.
- ukubhala amanani amivo mibini ngobhalo olwandisiweyo besebenzisa ama-10 nemivo.
- ukulandelelanisa amanani uqale ngelona likhulu ukuya kwelona lincinci. Abafundi baza kucwangcisa baze bathelekise amanani besebenzisa isigama semathematika esifanelekileyo.

Into emayiqatshelwe kule veki

- Xa usebenza ngemiboniso eyahlukeneyo yamanani, abafundi baza kubethelela ukuqonda kwabo amanani nolwazi lwabo lwexabiso lendawo kumanani amakhulu. Olu lwazi luza kubanceda ekusebenziseni amanani ngendlela eyiyo kunjalonje bakwazi ukusebenza ngamanani.
- Imigcamanani ibaluleke ngokukodwa kuba ibonisa amanani ngemifanekiso. Qinisekisa ukuba abafundi bayakwazi ukubeka amanani kakuhle, ukuya phambili nokubuya umva kumgcamanani.
- Bakhuthaze ukuba bancokole ukuze baphuhlise isigama sabo semathematika. Qinisekisa ukuba basebenzisa isigama esichanekileyo: **imivo**, **amashumi**, **ikhulu elinye**, **ixabiso lendawo**, **likhulu kuna-**, **lincinci kuna-**, **lingaphezulu kuna-**, **lingaphantsi kuna-**, **liyalingana okanye lilingana na-**, **lelona likhulu**, **lelona lincinci**.

22

3. Using the Bala Wande mathematics programme

Prepare for each week



Numbers to 100

	Resources
Mental Maths: Make 20 using dot cards	teacher dot cards
Game: How many 10s? How many 1s?	base 10 blocks

Day	Lesson activity	Lesson resources
1	Numbers up to 100	LAB, base 10 blocks, 100 square poster
2	The number 100	LAB, base 10 blocks, 100 square poster, blank number line
3	Expanded notation with 10s	LAB, base 10 blocks, flard cards
4	Comparing and ordering numbers up to 100	LAB, 100 square poster, blank number line
5	Consolidation	LAB

After this week the learner should be able to:	✓
work comfortably with numbers up to 100.	
speak about 100 as ten 10s and know that numbers can be broken up into 10s and 1s.	
write numbers using expanded notation in 10s and 1s.	
apply their understanding of place value to compare numbers using 10s and 1s.	

Assessment

There is no formal assessment this week.

You should observe the learners in your class daily and make notes as part of your informal ongoing assessment for learning.

21

Use the overview on the first page to prepare for the week.

A quick overview of the Mental Maths and lesson activities for the week and the resources teachers will need

A list of aims for the week that can be used to check whether your class is on track

A description of the assessment activity which is done on Day 5 of the week



Numbers to 100

Mental Maths

This week we consolidate knowledge of the bonds of 20 using dot cards. Learners have to visualise 10 by filling the ten frames created by the printed dot cards and then make 20. This activity strengthens learner's understanding of their bonds of ten and additive relations.

Game

In this game, learners use base 10 blocks to deconstruct 2-digit numbers. They will be able to show and identify the 10s and 1s in each number and represent the numbers using the base 10 blocks.

Conceptual development

This week we focus on numbers up to 100. The lessons this week revise some of what learners did in Grade 2, working with numbers up to 100 and establishing the concept of the number 100. We will focus on:

- the relationship between 1s, 10s and the number 100. Learners will see and talk about 2-digit numbers represented by base 10 blocks, flard cards, on a number line and 100 square and using number symbols.
- placing numbers on segments of a number line (0-100) to compare them.
- writing 2-digit numbers using 10s and 1s in expanded notation.
- arranging numbers from greatest to smallest. Learners will order and compare numbers, using appropriate mathematical vocabulary.

What to look out for this week

- When working with different representations of numbers, learners will consolidate their number sense and understanding of place value in bigger numbers. This knowledge is essential for them to be able to work efficiently with numbers and to do operations on numbers.
- Number lines are especially important as they are a diagrammatic representation. Make sure that learners know how to place numbers correctly and move forwards and backwards on a number line.
- Encourage conversation between learners so that they can develop their mathematical language. Ensure that learners are using the correct vocabulary: **ones, tens, one hundred, place value, greater than, smaller than, more than, less than, equal to, greatest, smallest.**

23

The second page provides more details about the week's activities.

A description of the Mental Maths and game for the week. If there is a video that supports these activities the QR codes are provided

A description of the key concepts to be taught over the week. Notes about the vocabulary to emphasise this week. If there is a video that supports these key concepts the QR codes are provided

A list of things teachers must watch out for such as mistakes learners often make, important ideas to emphasise and key vocabulary for the week

Kufuneka wenze ntoni ukuze ukwazi ukulungiselela iveki nganye

- Funda isikhokelo uze ulungiselele iveki nesifundo ngasinye (bukela ividiyo ukuba ibalulekile).
- Wakube usifundisile isifundo, cinga ngendlela esiqhubeke ngayo. Bhala amanqaku ngezimvo onazo malunga nokuba ungenza ntoni eyahlukileyo ukuba unokufundisa eso sifundo kwakhona.
- Kwiiveki 2–8 kuza kufuneka ulungiselele umsebenzi wovavanyo weveki. Kubaluleke kakhulu ukuba kwiiveki eziza kuba novavanyo oluthethwayo nolwenziwayo ucwangcise indlela oza kubhala ugcine ngayo inkqubela yomfundi ngamnye usebenzise irubriki iveki yonke.

Usuku ngalunye

Sebenzisa irejista ukuze ubale abafundi abaseklasini

Inkqubo yeBala Wande iyile ipowusta yerejista yeklasi eyodwa. Umfundi ngamnye uza kuziphawula ngokubeka ichokoza okanye oonobumba bokuqala bamagama akhe kwirejista leyo yonke imihla. Qinisekisa ukuba abafundi bazalisa izakhelo zamashumi kwirejista ngokulandelelana.

Ekuqaleni kwesifundo semathematika bala inani labafundi abakhoyo, umz., “Balishumi, ngamashumi amabini, ngamashumi amathathu, amashumi amane. Ngamashumi amane abafundi abakhoyo namhlanje.”

Lo msebenzi uphindaphindwa yonke imihla ubethelela imbono yokuba ukuhlela nokubala ngamashumi kuyasebenza kwaye kwenza abafundi bayeke ukubala ngoononye.

Xoxa nabafundi ngomhla wanamhlanje usebenzise ikhalenda

Sebenza neklasi nichonge unyaka, inyanga, usuku nomhla ngokusebenzisa ikhalenda ngosuku ngalunye. Phawula umhla kwikhalenda yodonga. Qaphela imihla yokuzalwa. Oku kuba yinxalenye yexesha lokufundisa yonke imihla enyakeni.

Imisetyenzana yokutyebisa

Kukho imisetyenzana yokutyebisa ukusukela kusuku1 ukuya kwele-4. Bhala imisetyenzana esebhodini ekupheleni kwesifundo ukwenzela abafundi abagqiba imisebenzi yaseklasini ngokukhawuleza.


WEEK 1 • DAY 1

Numbers up to 100

Imisetyenzana yokutyebisa • Enrichment activities

Usuku 1 Day 1

Bonisa ngoonotsheluza nangeebloko zesiseko se-10.
Show with flard cards and base 10 blocks:

23
16
99
41
72
81
34
68
25
77

Usuku 2 Day 2

Bonisa ngoonotsheluza nangeebloko zesiseko se-10.
Show with flard cards and base 10 blocks:

47
24
54
86
61
33
52
79
65
38

Usuku 3 Day 3

Qaqbezela izivakalisi manani. Bhala ama-10 nemivo.
Complete the number sentences. Write the 10s and 1s.

26 = ____ + ____
41 = ____ + ____
39 = ____ + ____
24 = ____ + ____
61 = ____ + ____
57 = ____ + ____
78 = ____ + ____
89 = ____ + ____
25 = ____ + ____
92 = ____ + ____

Usuku 4 Day 4

Qaqbezela izivakalisi manani. Bhala ama-10 nemivo.
Complete the number sentences. Write the 10s and 1s.

14 = ____ + ____
35 = ____ + ____
78 = ____ + ____
42 = ____ + ____
56 = ____ + ____
61 = ____ + ____
29 = ____ + ____
87 = ____ + ____
43 = ____ + ____
98 = ____ + ____

25

Masithethe ngeMaths!

Eyona nto iyodwa nge-LAB yeBanga lesi-3 kukuba rhoqo ngosuku lwesi-5 kwiveki nganye kubakho icandelo lolwimi kwisifundo. Oku kwenza ukwazi ukuthetha ngemaths ngolwimi lwesiNgesi nolwesiXhosa kwaye uhlaziye amabinzana namagama angundoqo afundiweyo evekini.

Masithethe ngeMaths!

Let's talk Maths!

NgesiXhosa sithi:	In English we say:
ama-10 nemivo	10s and 1s
ixabiso lendawo	place value
Ama-67 ngama-10 amathandathu nemivo esixhenxe.	67 is six 10s and seven 1s.
i-10 yimivo elishumi.	10 is ten 1s.
i-100 ngamashumi ali-10.	100 is ten 10s.
likhulu kuna-, lincinci kuna-	greater than and smaller than
elona likhulu nelona lincinci	greatest and smallest

What teachers need to do to prepare for each week

- Read the guide and prepare for the week and for each lesson. (Watch the videos if relevant.)
- After teaching the lesson, reflect on how it went. Make notes on what went well and what to do differently next time.
- In Weeks 2–8, prepare for the assessment activity of the week. In the weeks in which there is an oral and practical assessment, teachers need to plan how to record each learner's progress using the rubric or checklist over the course of the week

Each day

Use the register to count the learners in the class

The Bala Wande programme has created a special class register poster. Every day, each learner will mark themselves by putting a dot or their initials on the register. Ensure that the learners fill the ten frames on the register in order.

At the start of the maths class, use the register to count the number of learners present. For example, "Ten, twenty, thirty, forty, four. Forty-four learners are present today."

This repeated daily activity reinforces the idea that grouping and counting in tens is efficient and steers learners away from counting in ones.

Discuss the date with learners using the calendar

Use the calendar to identify the year, month, day and date with the class each day. Mark the date on the wall calendar. Note any birthdays. This forms part of the teaching of time every day of the year.

Enrichment activities

There are enrichment activities provided for Days 1-4. Write these activities on the board at the end of a lesson for learners who finish the classwork activities more quickly.


WEEK 1 • DAY 1

Numbers up to 100

Imisetyenzana yokutyebisa • Enrichment activities

Usuku 1 Day 1

Bonisa ngoonotsheluza nangeebloko zesiseko se-10.
Show with flard cards and base 10 blocks:

23
16
99
41
72
81
34
68
25
77

Usuku 2 Day 2

Bonisa ngoonotsheluza nangeebloko zesiseko se-10.
Show with flard cards and base 10 blocks:

47
24
54
86
61
33
52
79
65
38

Usuku 3 Day 3

Qgibezela izivakalisi manani.
Bhala ama-10 nemivo.
Complete the number sentences.
Write the 10s and 1s.

26 = ___ + ___
41 = ___ + ___
39 = ___ + ___
24 = ___ + ___
61 = ___ + ___
57 = ___ + ___
78 = ___ + ___
89 = ___ + ___
25 = ___ + ___
92 = ___ + ___

Usuku 4 Day 4

Qgibezela izivakalisi manani.
Bhala ama-10 nemivo.
Complete the number sentences.
Write the 10s and 1s.

14 = ___ + ___
35 = ___ + ___
78 = ___ + ___
42 = ___ + ___
56 = ___ + ___
61 = ___ + ___
29 = ___ + ___
87 = ___ + ___
43 = ___ + ___
98 = ___ + ___

25

Let's talk Maths!

A special feature of the Grade 3 LAB is that on Day 5 every week, there is a language component to the lesson. This gives you an opportunity to speak maths in English and Afrikaans and revise key phrases and words learned over the week.

Masithethe ngeMaths!

Let's talk Maths!

NgesiXhosa sithi:	In English we say:
ama-10 nemivo	10s and 1s
ixabiso lendawo	place value
Ama-67 ngama-10 amathandathu nemivo esixhenxe.	67 is six 10s and seven 1s.
i-10 yimivo elishumi.	10 is ten 1s.
i-100 ngamashumi ali-10.	100 is ten 10s.
likhulu kuna-, lincinci kuna-	greater than and smaller than
elona likhulu nelona lincinci	greatest and smallest

Sebenzisa iflowutshathi ukuze ubone ukulandelelana kwemisebenzi yosuku

Ekuqaleni kosuku ngalunye kunikwa iflowutshathi esisishwankathelo solandwlelwano lwemisebenzi yosuku.

Yenza umsebenzi wezibalo zentloko (imizuzu eli-15)

Izibalo zentloko ziyinxalenye ebalulekileyo yesifundo ngasinye. Imisebenzi yezibalo zentloko siyisebenzisela ukuqinisekisa ukuba abafundi banolwazi olululo olusisiseko. Kukho iividiyo ezibonisa imisebenzi yezibalo zentloko isenziwa eklasini kwaye kukwakho nenkcazelo yemisebenzi yezibalo zentloko zeveki kula magqabantshintshi. Ngosuku ngalunye, isikhokelo sikatitshala sinika isikhumbuzo esingumfanekiso ngqondweni womsebenzi wezibalo zentloko wolo suku.

Yenza umsebenzi weklasi (imizuzu engama-30)

Uphuhliso lwengqiqo kuxa abafundi besebenza kunye beyiklasi bexoxa ngengqiqo engundoqo yeMathematika yolo suku phambi kokuba basebenze ngokwamaqela okanye nganye-nganye. Kukho iividiyo ezibonisa imisebenzi yophuhliso lwengqiqo isenziwa eklasini, kukwakho nenkcazelo yemisebenzi kwisishwankathelo seveki. Kananjalo kukho ulandelelwano lwemifanekiso eyenzelwe ukubonisa imisebenzi yophuhliso lwengqiqo kwisikhokelo sikatitshala.



Dlalani umdlalo (imizuzu eli-15)

Imidlalo inceda abafundi baqhele basebenzise izakhono ngokuzenzekela kwaye bonwabe xa besenza loo nto. Sisebenzisa imidlalo yeveki ukufundisa nokubethelela iingqiqo ezilula nezakhono ekufuneka zaziwe ngabafundi.

Imidlalo ekwiLAB iboniswa ngemifanekiso yoopopayi/ yeekhathuni. Abafundi bacaciselwe amanyathelo okudlala umdlalo baze baboniswa nendlela abanokuwalandela ngayo la manyathelo.



Use the flow diagram to see the sequence of activities for the day

At the start of each day, there is a flow diagram which summarises the sequence of activities for the day.

Do the Mental Maths activity (15 minutes)

Mental Maths is an important component of every lesson. We use the Mental Maths activities to ensure that learners become fluent in the basic facts. There are some videos showing the Mental Maths activities in action in the classroom and there is a description of the Mental Maths activity in the overview for the week. At the start of each week, there is a photographic sequence that illustrates the Mental Maths activity that must be done every day of the week.

Do the Concept Development (30 minutes)

Concept development is when the learners work together as a class to discuss the key mathematical concept of the day, before they break into smaller groups or work individually. There are some videos showing the concept development activities in action in the classroom and there is a description of the activities in the overview for the week. In the Teacher's Guide, there is a daily photographic sequence to demonstrate the concept development activities.

Play the game (15 minutes)

Games help learners automatise skills and enjoy themselves while they do it. We use weekly games to teach and consolidate important basic concepts and skills learners need to know.

The games appear in the LAB in cartoon format. Steps for how to play the game are provided and an illustration to help learners follow the steps is also given.



Incwadi yemisebenzi yomfundi iyinxalenye yesikhokelo sikatitshala

Izisombululo zokuxhasa utitshala ziyafumaneka. Kukho izimvo ezingephi ezibhalwe ngesiNgesi kumakhasi athile ezenzelwe isikhokelo esongezelelweyo.

Uphawu olumsobo luxela ukuba luhlobo luni na lomsebenzi (iklasi yonke, iphepha lomsebenzi).

Yonke imiyalelo nolwazi inikwa ngesiXhosa nangenguqulelo efumaneka ngesiNgesi.

Imisebenzi yile kanye iza kubonwa ngabafundi ezincwadini zabo. Apha sinekhathuni yomdlalo oza kudlalwa ngabafundi. Xa usazisa lo mdlalo mtsha kubafundi kufanele ukuba uboniswe kwiklasi iphela phambi kokuba abafundi badlale ngababini okanye ngokwamaqela.

Amaphepha emisebenzi anomzekelo (oboniswa libala elingwevu nepenisile ebomvu).



WEEK 7 • DAY 1

Metres

IVEKI • WEEK 7 · USUKU 1 • DAY 1

limitha

Metres

IZIBALO ZENTLONGO MENTAL MATHS · LINGAPHANTSI KUNA- LESS THAN · UMDLALO GAME · UPHUHLISO LWENGQIQO CONCEPT DEVELOPMENT · AMAPHEPHA OKUSEBENZELA WORKSHEETS

IPHEPHA LOKUSEBENZELA | WORKSHEET

Umdlalo: 1, 2, 3 Veza – thelekisa!
Game: 1, 2, 3 Show – compare!

- Sebenzani ngababini. Veza inani ngoonotsheluza.
  Work in pairs. Show a number using flard cards.
- Leliphi inani? Leliphi elikhulu?
  What number? Which one is bigger?
- Leliphi elincinci? Kangakanani?
  Which one is smaller? How much?
- Phinda kwakhona!
  Do it again!

17 Elam lincinci! Mine is smaller! · 46 Elam likhulu! Mine is bigger!

1 Phawula ibhokisi ubonise ukuba ngowuphi umgca omfutshane.
Tick the box to show which line is shorter.

Phawula ibhokisi ubonise ukuba ngowuphi umgca omde.
Tick the box to show which line is longer.

2 Linganisela ngeeyunithi ozinikiweyo.
Measure using the given units.

Learners will measure and complete the task

8 · 6 · 7

62

147

Kufuneka wenze ntoni ukuze ukwazi ukulungiselela iveki nganye?

- funda isikhokelo uze ulungiselele iveki nesifundo ngasinye.
- bukela iividiyo – zibonisa izishunqe zeklasi yokwenyani apho imisebenzi yesifundo ikhe yalingwa khona nalapho ootitshala abafundise ezo zifundo banika ulwazi neengcebiso.

Wakube usifundisile isifundo, cinga ngendlela esiqhubeke ngayo. Bhala amanqaku ngezimvo onazo malunga nokuba ungenza ntoni eyahlukileyo ukuba unokufundisa eso sifundo kwakhona.

Kwiiveki 2-8 kuza kufuneka ulungiselele umsebenzi wovavanyo weveki. Kubaluleke kakhulu ukuba kwiiveki eziza kuba novavanyo oluthethwayo nolwenziwayo ucwangcise indlela oza kubhala ugcine ngayo inkqubela yomfundi ngamnye usebenzise irubriki okanye uluhlu lwezinto ezifunekayo iveki yonke.

The *Bala Wande* Learner Activity Book pages are embedded in the Teacher's Guide

Solutions are provided to support the teacher. On some pages, short comments are written (in English) for additional guidance.

The purple tag indicates that this is a worksheet.

All instructions and information are given in Afrikaans with an English translation below.

The activities are exactly as the learners will see them in their books. Here, for example, we have a cartoon of a game that the learners will play. In introducing a new game to the learners, it is best to demonstrate the game to the whole class before letting them play in pairs or groups.

Learner worksheets have a worked example (indicated by the grey background and the red pencil).



WEEK 7 • DAY 1

Metres

IPHEPHA LOKUSEBENZELA | WORKSHEET

IVEKU • WEEK 7 · USUKU 1 • DAY 1

iimitha

Metres

IZIBALO ZENTLOKO MENTAL MATHS · LINGAPHANTSI KUNA- LESS THAN · UMDLALO GAME · UPHUHLISO LWENGQIQO CONCEPT DEVELOPMENT · AMAPHEPHA OKUSEBENZELA WORKSHEETS

Umdlalo: 1, 2, 3 Veza – thelekisa!
Game: 1, 2, 3 Show – compare!

- Sebenzani ngababini. Veza inani ngoonotsheluza.
  Work in pairs. Show a number using flard cards.
- Leliphi inani? Leliphi elikhulu?
  What number? Which one is bigger?
- Leliphi elincinci? Kangakanani?
  Which one is smaller? How much?
- Phinda kwakhona!
  Do it again!

Elam lincinci! Mine is smaller! 17 · Elam likhulu! Mine is bigger! 46

1 Phawula ibhokisi ubonise ukuba ngowuphi umgca omfutshane.
Tick the box to show which line is shorter.

Phawula ibhokisi ubonise ukuba ngowuphi umgca omde.
Tick the box to show which line is longer.

2 Linganisela ngeeyunithi ozinikiweyo.
Measure using the given units.

Learners will measure and complete the task

	8	6	7

62

147

To prepare for each week, you need to:

- read the Teacher's Guide and prepare for the week and for each lesson.
- watch the videos which show clips from real classrooms where the lesson activities have been trialled and the teachers who have taught them provide insights and advice.

After you have taught the lesson, reflect on how it went. Make notes on your ideas for what you would do differently if you taught the lesson again.

In Weeks 2-8 you will need to prepare for the assessment activity of the week. It is particularly important in the weeks in which there is an oral and practical assessment that you plan how you will be able to record each learner's progress using the rubric or checklist over the course of the week.

4. Itheyibhile yexesha

Ixesha ngosuku	Mvulo	Lwesibini	Lwesithathu	Lwesine	Lwesihlanu
imiz e-10	Ixesha: lerejista/lekhalenda/iintsuku zokuzalwa/lezaziso				
iyure e-1 imiz e-30	IZIBALO				
iyure e-1 imiz e-35	UKUFUNDA NOKUBHALA				
imiz e-15	IOrali: Iindaba	IOrali: Uku-phulaphula nokuthetha	IOrali: Uku-phulaphula nokuthetha	IOrali: Ukuphulaphula nokuthetha	IOrali: Uphononongo lweveki
UTSHINTSHO: ukulola iipensile, ukukhupha iincwadi, umthambo wezandla					
imiz e-10	*Izandi	*Izandi	*Izandi	*Izandi	*Izandi
imiz e-10	*Ukubhala ngesandla	Ukubhala ngesandla	Ukubhala ngesandla	Ukubhala ngesandla	Ukubhala ngesandla
UTSHINTSHO: Izicengcelezo zentshukumo/ ingoma					
imiz e-15	Ukufunda: Ukufundelwa ngutitshala ngokuvakalayo	Ukufunda notitshala: Ingqiqo	Ukufunda notitshala: Isigama	Ukufunda notitshala: A. Ulwimi B. Ukuziqhelani-sa notyibiliko*	Ukufunda: Ukuphinda ujonge umsebenzi owenza wedwa
imiz e-15	Ulwimi lwesibini olongezelelweyo	*Ukubhala Ingqiqo	*Ukubhala Isigama	*Ukubhala Ulwimi	*Ukubhala eyedwa
UTSHINTSHO: Ukuzolula nokuzishukumisa. Amaqela aya emethini ngoFQ					
imiz e-15	FQ	FQ	FQ	FQ	FQ
imiz e-15	FQ	FQ	FQ	FQ	FQ
(imiz e-30 ehamba noFQ)	*Umsebenzi owenza wedwa	*Umsebenzi owenza wedwa	*Umsebenzi owenza wedwa	*Umsebenzi owenza wedwa	*Umsebenzi owenza wedwa
imiz e-45	Ulwimi lwesibini olongezelelweyo				
iyure e-1 imiz e-25					
imiz e-30	*Ulwazi olusisiseko	*Ulwazi olusisiseko	*Ulwazi olusisiseko	*Ukuphinda ujonge umxholo Ulwazi olusisiseko	Incwadi yomsebenzi yeDBE iphepha le-ZB iphepha le-LK
UTSHINTSHO: Ukuziqhelanisa nokuphefumla, ukunikezela izixhobo					
imiz e-30	EzobuGcisa obubonwayo ULwazi lokuFun-da nokuBhala olubonwayo* / Oluphathekayo	EzobuGcisa obubonwayo Oluphathekayo	EzobuGcisa beqonga	EzobuGcisa beqonga	
UTSHINTSHO: Tshintsha iimpahla, yiya phandle, nika izixhobo zokwenza					
imiz e-25	Ukulungiselela ezemithambo (30 imiz)	Izitishi zomsebenzi wezemithambo	Izitishi zomsebenzi wezemithambo	Izitishi zomsebenzi wezemithambo	Izitishi zomsebenzi wezemithambo

*Akuqukwanga kolu Cwangciso lwesifundo

4. Weekly timetable

Time per day	Monday	Tuesday	Wednesday	Thursday	Friday
10 min	Admin Period: Register/calendar/birthdays/announcements				
1h 30 min	MATHS BLOCK				
1h 35 min	LITERACY BLOCK				
15 min	Oral: News	Listening and Speaking	Listening and Speaking	Listening and Speaking	Oral: Review of week
TRANSITION: sharpen pencils, hand out books, hand exercises					
15 min	*Phonics	*Phonics	*Phonics	*Phonics	*Phonics
10 min	*Handwriting	Handwriting	Handwriting	Handwriting	Handwriting
TRANSITION: Action rhyme/song					
15 min	Reading: Teacher Read aloud	Shared Reading: Comprehension	Shared Reading: Vocabulary	Shared Reading: A. Language B. Fluency practice*	Reading: Independent work review
15 min	E-classroom	*Writing: Comprehension	*Writing: Vocabulary	*Writing: Language	*Independent Writing
TRANSITION: Stretch and shake. Group moves to mat for GGR					
15 min	GGR	GGR	GGR	GGR	GGR
15 min	GGR	GGR	GGR	GGR	GGR
(30 mins parallel to GGR)	*Independent Work	*Independent Work	*Independent Work	*Independent Work	*Independent Work
35 min	EFAL BLOCK				
1h 25 min	LIFE SKILLS BLOCK				
30 min	*Beginning Knowledge & PSWB	*Beginning Knowledge & PSWB	*Beginning Knowledge & PSWB	Beginning Knowledge concept review	DBE Workbook LS page HL page
TRANSITION: breathing exercise, hand out materials					
30 min	Visual Arts Visual Literacy* /Practical	Visual Arts Practical	Performing Arts	Performing Arts	
TRANSITION: Change clothes, move outside, provide equipment					
25 min	PE set up	PE Activity stations	PE Activity stations	PE Activity stations	PE Activity stations

*Not included in these lesson plans

5. Isicwangciso sekota

	Usuku 1	Usuku 2	Usuku 3	Usuku 4	Usuku 5
Iveki 1 Amanani ukuya kwi-100	Amanani ukuya kwi-100	Inani 100	Ubhalo olwandisiweyo nama-10	Ukuthelekisa nokucwangcisa amanani ukuya kwi-100	Uqukaniso
Iveki 2 Amanani ukuya kuma-500	Amanani amakhulu kune-100	Iziphindwa ze-10	Amanani ukuya kuma-500	Amanye amanani ukuya kuma-500	Uvavanyo noqukaniso
Iveki 3 Ukuthelekisa nokucwangcisa amanani ukuya kuma-500	Ukulandelelanisa nokuthelekisa amanani	Ukuthelekisa nokucwangcisa amanani	Ubhalo olwandisiweyo olunama-100	Ukudibanisa nokuthabatha iziphindwa ze-10	Uvavanyo noqukaniso
Iveki 4 Ukudibanisa	Ukudibanisa ngentloko	Izibalo zentloko – ukudibanisa okuwezayo	Ukudibanisa okudlula i-100	Ukudibanisa ngendlela yeekholam	Uvavanyo noqukaniso
Iveki 5 Ukuthabatha	Ukuthabatha ngentloko	Izibalo zentloko – ukuthabatha okunokuboleka	Ukuthabatha okudlula i-100 usebenzisa umgcamanani	Ukuthabatha usebenzisa indlela yeekholam	Uvavanyo noqukaniso
Iveki 6 Ukudibanisa nokuthabatha	Ukudibanisa nokuthabatha	Ukudibanisa usebenzisa indlela yeekholam	Ukuthabatha usebenzisa indlela yeekholamu	Ukudibanisa nokuthabatha usebenzisa iindlela zobuchule ezahlukeneyo	Uvavanyo noqukaniso
Iveki 7 Ubude	Imitha	Iisentimitha	Uqikelelo	Ukusebenza ngeeyunithi zobude	Uvavanyo noqukaniso
Iveki 8 Iingxaki zamanani nezinto ezine-3-D	Iingxaki zamagama zokudibanisa nokuthabatha	Iingxaki zamagama zokudibanisa nokuthabatha	Izinto ezine-3-D (eziqengqelekayo nezityibilikayo)	Ukuchaza izinto ezine-3-D	Uvavanyo noqukaniso
Iveki 9 Izinto ezine-3-D	Ukwakha ngezinto ezine-3-D	Ukuthelekisa izinto ezine-3-D	Iimbuso zezinto ezine-3-D	Izinto ezine-3-D	Uqukaniso
Iveki 10 Uhlaziyo	Amanani ukuya kuma-500	Indawo nemilo, nobude	Iipatheni namanani ashiyiweyo	Ukudibanisa nokuthabatha	Ukudibanisa nokuthabatha

Inani, izibalo nolwalamano	Iipatheni, imisebenzi nealjebra	Umlinganiselo	Indawo neemilo	Uphatho lwedatha

5. Term plan

	Day 1	Day 2	Day 3	Day 4	Day 5
Week 1 Numbers to 100	Numbers up to 100	The number 100	Expanded notation with 10s	Comparing and ordering numbers up to 100	Consolidation
Week 2 Numbers to 500	Numbers greater than 100	Multiples of 10	Numbers up to 500	More numbers up to 500	Assessment and consolidation
Week 3 Comparing and ordering numbers up to 500	Sequencing and comparing numbers	Comparing and ordering numbers	Expanded notation with 100s	Addition and subtraction of multiples of 10	Assessment and consolidation
Week 4 Addition	Mental maths – addition	Mental maths – addition with carrying	Addition over 100 using a number line	Addition using the column method	Assessment and consolidation
Week 5 Subtraction	Mental maths – subtraction	Mental maths – subtraction with borrowing	Subtraction over 100 using a number line	Subtraction using the column method	Assessment and consolidation
Week 6 Addition and subtraction	Addition and subtraction using the column method	Addition using the column method	Subtraction using the column method	Addition and subtraction using various strategies	Assessment and consolidation
Week 7 Length	Metres	Centimetres	Estimation	Working with units of length	Assessment and consolidation
Week 8 Word problems and 3-D objects	Addition and subtraction word problems	Addition and subtraction word problems	3-D objects – roll and slide	Describing 3-D objects	Assessment and consolidation
Week 9 3-D objects	Building with 3-D objects	Comparing 3-D objects	Faces of 3-D objects	3-D objects	Consolidation
Week 10 Revision	Numbers to 500	Space and shape and length	Patterns and missing numbers	Addition and subtraction	Addition and subtraction

Number, operations and relationships	Patterns, functions and algebra	Space and shape (geometry)	Measurement	Data Handling

Amanani ukuya kwi-100

	Izixhobo
Izibalo zentloko: Yenza ama-20 ngamakhadi amachokoza	amakhadi amachokoza katitshala
Umdlalo: Mangaphi ama-10? Mingaphi imivo?	iibloko zesiseko se-10



Usuku	Umsebenzi wesifundo	Izixhobo zezifundo
1	Amanani ukuya kwi-100	iLAB, iibloko zesiseko se-10, ipowusta yezikwere ze-100
2	Inani 100	iLAB, iibloko zesiseko se-10, ipowusta yezikwere ze-100, umgcamanani ongenanto
3	Ubhalo olwandisiweyo nama-10	iLAB, iibloko zesiseko se-10, oonotsheluza
4	Ukuthelekisa nokucwangcisa amanani ukuya kwi-100	iLAB, ipowusta yezikwere ze-100, umgcamanani ongenanto
5	Uqukaniso	iLAB

Emva kwale veki umfundi kufuneka akwazi ukwenza oku:	✓
ukusebenza ngamanani ukuya kwi-100 ngaphandle kwengxaki.	
ukuthetha ngekhulu ngokwama-10, awazi namanani anokwahlulwa abe ngama-10 nemivo.	
ukubhala amanani esebenzisa ubhalo olwandisiweyo ngama-10 nemivo (oo-1).	
ukusebenzisa ulwazi lwabo lwexabiso lendawo ukuthelekisa amanani besebenzisa ama-10 nemivo.	

Uvavanyo

Akukho vavanyo lusesikweni kule veki.

Kufuneka ubaqaphele yonke imihla abafundi abaseklasini yakho kwaye uthathe amanqaku njengenxalenye yovavanyo oluqhubekayo olungekho sesikweni olujolise ekufundeni.

Numbers to 100

	Resources
Mental Maths: Make 20 using dot cards	teacher dot cards
Game: How many 10s? How many 1s?	base 10 blocks



Day	Lesson activity	Lesson resources
1	Numbers up to 100	LAB, base 10 blocks, 100 square poster
2	The number 100	LAB, base 10 blocks, 100 square poster, blank number line
3	Expanded notation with 10s	LAB, base 10 blocks, flard cards
4	Comparing and ordering numbers up to 100	LAB, 100 square poster, blank number line
5	Consolidation	LAB

After this week the learner should be able to:	✓
work comfortably with numbers up to 100.	
speak about 100 as ten 10s and know that numbers can be broken up into 10s and 1s.	
write numbers using expanded notation in 10s and 1s.	
apply their understanding of place value to compare numbers using 10s and 1s.	

Assessment

There is no formal assessment this week.

You should observe the learners in your class daily and make notes as part of your informal ongoing assessment for learning.

Amanani ukuya kwi-100

Izibalo zentloko

Kule veki sibethelela ulwazi lweebhondi zama-20 ngokusebenzisa amakhadi amachokoza. Abafundi kufuneka babe nombono we-10 ngokuzalisa izakhelo zeshumi ezenziwe ngamakhadi amachokoza ashicilelweyo baze bakhe ama-20. Lo msetyenzana uqinisa ulwazi lwabafundi lweebhondi zeshumi nolwalamano olongezelelwayo.

Umdlalo

Kulo mdlalo abafundi basebenzisa iibloko zesiseko se-10 ukuze bacalule amanani amivo mibini. Baza kukwazi ukubonisa nokuchaza ama-10 nemivo kwinani ngalinye babonise namanani besebenzisa iibloko zesiseko se-10.

Uphuhliso lwengqiqo

Kule veki sigxila kumanani ukuya kwi-100. Izifundo zale veki zihlaziya eminye yemisebenzi efundwe kwibanga lesi-2, ukusebenza ngamanani ukuya kwi-100 nokufumanisa ingqiqo yenani i-100. Siza kujolisa koku:

Sequencing and comparing numbers

Imisetyenzana yokutyebisa • Enrichment activities

Usuku 1 Day 1

Sombulula usebenzise iibloko.
Solve using blocks.

43 + 36 = _____

35 + 44 = _____

61 + 24 = _____

18 + 51 = _____

52 + 34 = _____

65 – 14 = _____

95 – 61 = _____

39 – 27 = _____

87 – 54 = _____

55 – 11 = _____

Usuku 2 Day 2

Sombulula usebenzise iibloko.
Solve using blocks.

71 + 22 = _____

14 + 85 = _____

37 + 32 = _____

52 + 43 = _____

22 + 52 = _____

96 – 65 = _____

39 – 16 = _____

48 – 36 = _____

83 – 52 = _____

75 – 44 = _____

Usuku 3 Day 3

Sombulula usebenzise iibloko.
Solve using blocks.

43 + 32 = _____

18 + 71 = _____

62 + 25 = _____

54 + 33 = _____

71 + 18 = _____

85 – 41 = _____

35 – 23 = _____

59 – 37 = _____

87 – 54 = _____

96 – 60 = _____

Usuku 4 Day 4

Sombulula usebenzise iibloko.
Solve using blocks.

61 + 26 = _____

24 + 45 = _____

37 + 32 = _____

12 + 73 = _____

54 + 41 = _____

95 – 61 = _____

79 – 27 = _____

39 – 25 = _____

56 – 44 = _____

82 – 61 = _____

Ukulandelelanisa nokuthelekisa amanani

IZIBALO ZENTLOKO
MENTAL MATHS

NDIBONISE INANI (OONOTSHELUZA)
SHOW ME A NUMBER (FLARD CARDS)

→ UPHUHLISO LWENGQIQO
CONCEPT DEVELOPMENT

→ UMDLALO
GAME

→ AMAPHEPHA OKUSEBENZELA
WORKSHEETS

UPHUHLISO LWENGQIQO | CONCEPT DEVELOPMENT

Bhala iileyibhile zamanani akumgcamanani kwiLAB yakho.
Write the labels for all the numbers on this number line in your LAB.



1

Biyela ngesangqa amanani angaphantsi kwama-301 uze ubiyele amanani amakhulu ngerekthengile.
Circle the numbers less than 301 and draw a rectangle around the bigger numbers.



2

Xoxani ngendlela amanani aye ekhula ngayo xa usiya ngasekunene, aze anciphe ngokuncipha xa usiya ngasekhohlo. Nika abafundi ithuba lokuchonga amanani amakhulu namancinci kunama-301. Phinda oku ngamanye amanani akumgcamanani (umzekelo, 234-244, 100-209, 458-468).

Discuss the way numbers get bigger on a number line when you go to the right, and smaller when you go to the left. Let learners identify the numbers bigger and smaller than 301. Repeat with other numbers on the number line (for example, 234-244; 199-209, 458-468).

Bhala iileyibhile zale migcamanani kwiLAB yakho. Zeziphi iipatheni ozibonayo?
Write the labels for these number lines in your LAB. What patterns do you see?



3

Iphawulwe ngama-10 nangezi-5.
They are labelled in 10s and in 5s.


4

Leliphi inani eliza emva kwama-250 ileliphi inani eliza phambi kwama-280?
What number comes after 250 and what number comes before 280?

5

Ama-255 aza phambi kwama-250.
255 comes after 250.

Ama-270 aza phambi kwama-280.
270 comes before 280.

Abafundi kufuneka bafumane amathuba aliqela okuziqhelisa ulandelelwaniso nothelekiso lwamanani akuluhlu oluphezulu ukuya kuma-500. Nika abafundi amathuba aliqela okuphawula nokuthelekisa imigcamanani uze ubakhuthaze bathethe ngezinto abazisebenzisayo xa bethelekisa amanani.

Learners need a lot of practice with sequencing and comparing numbers in the higher number range to 500. Provide multiple opportunities for them to label and compare number lines and encourage them to talk about what they use to compare the numbers.

Sequencing and comparing numbers

IVEKI • WEEK 3

USUKU 1 • DAY 1

Ukulandelelanisa nokuthelekisa amanani
Sequencing and comparing numbers

IZIBALO ZENTLOKO – MENTAL MATHS → NDIBONISE INANI (OONOTSHELUZA) – SHOW ME A NUMBER (FLARD CARDS) → UMDLALO – GAME → UPHUHLISO LWENGQIQO – CONCEPT DEVELOPMENT → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA – WORKSHEETS

Umdlalo: Mangaphi ama-10? Mingaphi imivo?
Game: How many 10s? How many 1s?

- Veza inani usebenzise oonotsheluza manani.
  Show the number using your flard cards.
- Mangaphi ama-10? Mingaphi imivo?
  How many 10s? How many 1s?
- Leliphi inani?
  What number?
- Khawuzame ngama-100, ama-10 nemivo.
  Try it with 100s, 10s and 1s.

1 Gqibezela ukufakela amanani kwimigcamanani.
Complete the numbering of the number lines.

297 298 299 300 301 302 303 304 305 306 307

230 235 240 245 250 255 260 265 270 275 280

2 Kumgca ngamnye biyela ngesangqa elona nani lincinci uze ubiyele ngerekthengile elona nani likhulu.
In each row, draw a circle around the smallest number and a rectangle around the biggest one.

165	38	59	132	209	170	62
83	114	162	58	91	136	108
148	161	94	138	183	115	149
190	172	128	176	118	127	104
82	103	64	152	37	117	135
167	127	119	191	146	163	185

Ukulandelelanisa nokuthelekisa amanani

3 Fakela amanani ugqibezele le migcamanani.
Complete the numbering of the number lines.

291 292 293 294 295 296 297 298 299 300 301

105 110 115 120 125 130 135 140 145 150 155

350 351 352 353 354 355 356 357 358 359 360

220 230 240 250 260 270 280 290 300 310 320

412 413 414 415 416 417 418 419 420 421 422

370 380 390 400 410 420 430 440 450 460 470

285 290 295 300 305 310 315 320 325 330 335

4 Leliphi inani elikhulu? Libonise kumgcamanani.
Which number is bigger? Show it on the number line.

410 okanye or 380



810 okanye or 930



770 okanye or 690



5 Landelelanisa amanani uqale ngelona lincinci uye kwelona likhulu.
Write these numbers in order from smallest to biggest.

305, 350, 335	305, 335, 350	480, 88, 189	88, 189, 480
209, 219, 129	129, 209, 219	89, 98, 88	88, 89, 98

Comparing and ordering numbers

IZIBALO ZENTLOKO
MENTAL MATHS

NDIBONISE INANI (OONOTSHELUZA)
SHOW ME A NUMBER (FLARD CARDS)

→ **UPHUHLISO LWENGQIQO**
CONCEPT DEVELOPMENT

→ **UMDLALO**
GAME

→ **AMAPHEPHA OKUSEBENZELA**
WORKSHEETS

UPHUHLISO LWENGQIQO | CONCEPT DEVELOPMENT







Nika abafundi amathuba aliqela okuthelekisa nokucwangcisa amanani akuluhlu olufikelela kuma-500. Bakhuthaze ukuba bathethe ngothelekiso phakathi kwama-100, ama-10 nemivo ngeli xa besenza njalo.

Provide multiple opportunities for learners to compare and order numbers in the range up to 500. Encourage them to talk about the comparisons between 100s, 10s and 1s as they do so.

IVEKI • WEEK 3

USUKU 2 • DAY 2

Ukuthelekisa nokucwangcisa amanani
Comparing and ordering numbers

IZIBALO ZENTLOKO – MENTAL MATHS → NDIBONISE INANI (OONOTSHELUZA) – SHOW ME A NUMBER (FLARD CARDS) → UMDLALO – GAME → UPHUHLISO LWENGQIQO – CONCEPT DEVELOPMENT → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA – WORKSHEETS

1

	100	10	1
379	3	7	9
101	1	0	1
290	2	9	0
38	0	3	8
493	4	9	3
70	0	7	0
405	4	0	5
211	2	1	1
300	3	0	0

Bonisa la manani ngeebloko zesiseko se-10. Mangaphi ama-100, ama-10 nemivo?

Show these numbers with base 10 blocks. How many 100s, 10s and 1s?

2 Fakela iimpawu ezichanekileyo.

Fill in the correct signs.

> likhulu kuna- greater than	< lincinci kuna- less than	= ayalingana equal to
100 > 90	380 = 380	31 < 44
101 < 110	430 > 423	46 < 360
398 = 398	253 > 252	375 > 357
411 > 390	156 < 266	500 = 500
257 > 157	180 < 210	478 > 200

Comparing and ordering numbers

3 Bala ngemivo. Leliphi inani eliza phambi okanye emva kwala?
Count in 1s. Which number comes before and after?

239	240	241
122	123	124
448	449	450
401	402	403
416	417	418
151	152	153
295	296	297
404	405	406
218	219	220
349	350	351
118	119	120
451	452	453
390	391	392
476	477	478
374	375	376
395	396	397
311	312	313
475	476	477
107	108	109
213	214	215
478	479	480

4 Bhala amanani uqale ngelona likhulu uye kwelona lincinci.
Write in order from biggest to smallest.

434, 444, 344	444, 434, 344
77, 78, 87	87, 78, 77
333, 404, 440	440, 404, 333
289, 298, 288	298, 289, 288
180, 280, 99	280, 180, 99

Ubhalo olwandisiweyo olunama-100

IZIBALO ZENTLOKO
MENTAL MATHS

NDIBONISE INANI (OONOTSHELUZA)
SHOW ME A NUMBER (FLARD CARDS)

→ UPHUHLISO LWENGQIQO
CONCEPT DEVELOPMENT →

UMDLALO
GAME →

AMAPHEPHA OKUSEBENZELA
WORKSHEETS

UPHUHLISO LWENGQIQO | CONCEPT DEVELOPMENT



Biza amanani aliqela amivo mithathu uze ucele abafundi bawabonise ngeebloko zesiseko se-10 nangoonotsheluza. Nika abafundi ithuba lokuthetha ngamanani ngokwama-100, ama-10 nangemivo. Sebenzisa amanani anoziro kwindawo yama-10 neyemivo.

Call out several three-digit numbers and ask learners to show them with base 10 blocks and flard cards. Give learners opportunities to speak about the numbers in terms of 100s, 10s and 1s. Include numbers with zero in the 10s and 1s places.







Ixabiso lendawo lingabhida ngenxa yoko kufuneka abafundi bafumane amathuba okuthetha ngabakuqondayo ngalo baze basebenze ngalo. Ukubhala amanani ngobalo olwandisiweyo kuxhasa ulwazi lwabo lwama-100, ama-10 nemivo. Bakhuthaze abafundi banike izizathu ngeempendulo zabo.

Place value can be confusing so learners need many opportunities to verbalise their understanding of it and work with it. Writing numbers in expanded notation supports their knowledge of 100s, 10s and 1s in numbers. Encourage learners to give reasons for their answers.

Expanded notation with 100s

IVEKI • WEEK 3

USUKU 3 • DAY 3

Ubhalo olwandisiweyo nama-100
Expanded notation with 100s

IZIBALO ZENTLOKO (MENTAL MATHS) → NDIBONISE INANI (OONOTSHELUZA) (SHOW ME A NUMBER (FLARD CARDS)) → UMDLALO (GAME) → UPHUHLISO LWENGQIQO (CONCEPT DEVELOPMENT) → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA (WORKSHEETS)



amakhulu hundreds	amashumi tens	imivo ones
		
4	5	9

4 5 9

400 + 50 + 9 = 459

1 Bhala izivakalisi manani.

Write the number sentences.

2 6 8 200 + 60 + 8 = 268	3 8 6 300 + 80 + 6 = 386	1 5 3 100 + 50 + 3 = 153
4 7 1 400 + 70 + 1 = 471	2 9 5 200 + 90 + 5 = 295	3 6 9 300 + 60 + 9 = 369

2

	Mangaphi ama-100? How many 100s?	Mangaphi ama-10? How many 10s?	Mingaphi imivo? How many 1s?
358	3	5	8
205	2	0	5
394	3	9	4
174	1	7	4
437	4	3	7
291	2	9	1
460	4	6	0
186	1	8	6

26

Ubhalo olwandisiweyo olunama-100

3 Biyela ngesangqa elona nani likhulu.
Circle the biggest number.

309	400	299
18	81	88
53	31	35

4 Biyela ngesangqa elona nani lincinci.
Circle the smallest number.

301	210	201
433	334	339
172	177	127

5 Mangaphi ama-10? Mingaphi imivo? Bhala isivakalisi manani negama lenani.
How many 10s? How many 1s? Write the number sentence and the number name.

Thelekisa amanani usebenzise iibloko zesiseko se-10 ukuba ukwenza njalo kuyakunceda ubone umahluko.
Use your base 10 blocks to compare numbers if it helps you see the difference.

127 = 100 + 20 + 7	ikhulu elinamashumi amabini anesixhenxe one hundred and twenty seven
203 = 200 + 0 + 3	two hundred and three
352 = 300 + 50 + 2	three hundred and fifty-two
450 = 400 + 50 + 0	four hundred and fifty
146 = 100 + 40 + 6	one hundred and forty-six
299 = 200 + 90 + 9	two hundred and ninety-nine

Addition and subtraction of multiples of 10

IZIBALO ZENTLOKO
MENTAL MATHS

NDIBONISE INANI (OONOTSHELUZA)
SHOW ME A NUMBER (FLARD CARDS)

→ UPHUHLISO LWENGQIQO
CONCEPT DEVELOPMENT → UMDLALO
GAME → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA
WORKSHEETS

UPHUHLISO LWENGQIQO | CONCEPT DEVELOPMENT

Bala usebenzise iibloko zesiseko se-10. Ufumana ntoni?
Work this out using your base 10 blocks. What do you get?





Ndibeke iibloko zamashumi ama-4 nezamashumi asi-8. Ndifumene iibloko zamashumi ali-12 ezilingana ne-120.
I put 4 tens and 8 tens blocks. I had 12 tens blocks which is the same as 120.

Zinaphi izivakalisi manani onokuzibhala xa usebenzisa ama-40, ama-80 ne-120?
How many number sentences can you write using 40, 80 and 120?

Xa abafundi bedibanisa naxa bethabatha iziphindwa ze-10, babethelela ulwazi lwabo lwamanani nolwexabiso lendawo. Bakwafunda indlela yokusebenza ngama-10. Banike imizekelo emininzi kwaye ubakhuthaze ukuba bathethe ngento abayenzayo xa besebenza ngamanani.

When learners add and subtract multiples of 10, they consolidate their number sense and knowledge of place value. They learn how to work with 10s. Provide many examples and encourage them to talk about what they are doing when they operate on numbers.

IVEKI • WEEK 3

USUKU 4 • DAY 4

Ukudibanisa nokuthabatha iziphindwa ze-10

Addition and subtraction of multiples of 10

IZIBALO ZENTLOKO (MENTAL MATHS) → NDIBONISE INANI (OONOTSHELUZA) (SHOW ME A NUMBER (FLARD CARDS)) → UMDLALO (GAME) → UPHUHLISO LWENGQIQO (CONCEPT DEVELOPMENT) → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA (WORKSHEETS)

Qaphela ukuba sisebenza njani ngama-10. Singawelela ngaphaya kwe-100 sisebenzisa ama-10. Singabhala izivakalisi manani ezi-4!

Look at how we work with 10s. We can bridge 100 using 10s. We can write 4 number sentences!



90 + 40 = 130
130 – 40 = 90
40 + 90 = 130
130 – 90 = 40



70 + 80 = 150
150 – 80 = 70
80 + 70 = 150
150 – 70 = 80

1 Bonisa ngeebloko zesiseko se-10. Bhala izivakalisi manani.

Show with base 10 blocks. Write the number sentences.

80 + 50 = 130 130 – 50 = 80 50 + 80 = 130 130 – 80 = 50	60 + 70 = 130 130 – 70 = 60 70 + 60 = 130 130 – 60 = 70

2 Dibanisa okanye thabatha.

Add or subtract.

90 + 20 = 110	110 – 20 = 90	70 + 70 = 140
90 + 50 = 140	110 – 50 = 60	60 + 90 = 150
80 + 60 = 140	120 – 60 = 60	40 + 80 = 120
80 + 70 = 150	120 – 80 = 40	140 – 50 = 90
60 + 60 = 120	130 – 60 = 70	150 – 60 = 90
60 + 50 = 110	130 – 70 = 60	160 – 90 = 70

Addition and subtraction of multiples of 10

60 + 50 = 110

amakhulu hundreds	amashumi tens	imivo ones
		

160 + 50 = 210

amakhulu hundreds	amashumi tens	imivo ones
		

3 Dibanisa.

Add. Look at pattern from L to R

60 + 70 = 130	160 + 70 = 230	260 + 70 = 330
70 + 80 = 150	170 + 80 = 250	270 + 80 = 350
180 + 90 = 270	280 + 90 = 370	380 + 90 = 470

230 – 60 = 170

amakhulu hundreds	amashumi tens	imivo ones
		

330 – 60 = 270

amakhulu hundreds	amashumi tens	imivo ones
		

4 Thabatha.

Subtract.

110 – 30 = 80	210 – 30 = 180	310 – 30 = 280
170 – 80 = 90	270 – 80 = 190	370 – 80 = 290
250 – 60 = 190	350 – 60 = 290	450 – 60 = 390

IVEKI • WEEK 3

USUKU 5 • DAY 5

Uqukaniso
Consolidation

IPHEPHA LOKUSEBENZELA WORKSHEET → IPHEPHA LOKUSEBENZELA WORKSHEET

Masithethe ngeMaths!
Let's talk Maths!

NgesiXhosa sithi:	In English we say:
iziphindwa ze-10	multiples of 10
thelekisa	compare
cwangcisa	order
liza phambi okanye liza emva	comes before and comes after
likhulu kuna- okanye lincinci kuna-	greater than or smaller than
elona likhulu ukuya kwelona lincinci	biggest to smallest
elona lincinci ukuya kwelona likhulu	smallest to biggest

1 Bhala izivakalisi manani.
Write the number sentences.

197 100 + 90 + 7 = 197	258 200 + 50 + 8 = 258	325 300 + 20 + 5 = 325
423 400 + 20 + 3 = 423	345 300 + 40 + 5 = 345	417 400 + 10 + 7 = 417
207 200 + 7 = 207	190 100 + 90 = 190	405 400 + 5 = 405

2 Bhala la manani uqale ngelona lincinci uye kwelona likhulu.
Write in order from smallest to biggest.

59, 50, 90	50, 59, 90	111, 110, 101	101, 110, 111
266, 246, 426	246, 266, 426	340, 430, 304	304, 340, 430
409, 194, 149	149, 194, 409	500, 409, 499	409, 499, 500

30

Assessment and consolidation

3 Bonisa amanani ngeebloko zesiseko se-10. Mangaphi ama-100, ama-10 nemivo?

Show the numbers with base 10 blocks. How many 100s, 10s and 1s?

	100	10	1
195	1	9	5
270	2	7	0
403	4	0	3
20	0	2	0
322	3	2	2

4 Fakela amanani kwimigcamanani.

Complete the numbering of the number lines.



5 Dibanisa okanye thabatha.

Add or subtract.

450 + 40 = 490	300 – 30 = 270	240 + 60 = 300
360 + 40 = 400	400 – 60 = 340	110 + 80 = 190
490 + 10 = 500	400 – 40 = 360	300 – 90 = 210

Ukudibanisa

	Izixhobo
Izibalo zentloko: Ndibonise inani!	iibloko zesiseko se-10 zikatitshala nezabafundi
Umdlalo: Leliphi inani?	iibloko zesiseko se-10








Usuku	Umsebenzi wesifundo	Izixhobo zezifundo
1	Ukudibanisa ngentloko	iLAB, iibloko zesiseko se-10
2	Ukudibanisa ngentloko okunokuweza	iLAB, iibloko zesiseko se-10
3	Ukudibanisa okudlulayo kwi-100 kusetyenziswa umgcamanani	iLAB, umgcamanani ongenanto
4	Ukudibanisa okudlulayo kwi-100 kusetyenziswa indlela yeekholam	iLAB, iibloko zesiseko se-10
5	Uqukaniso novavanyo olujolise ekufundeni	iLAB

Emva kwale veki umfundi kufuneka akwazi ukwenza oku:	✓
ukudibanisa amanani anomvo o-1 okanye amivo mi-2 kumanani anomvo o-1 okanye emi-2 besebenzisa iibloko zesiseko se-10 neqhinga lengqondo bengaweleli ngaphaya kweshumi.	
ukunakana ukuba umsebenzi obhaliweyo weengxaki zokudibanisa ungarekhodwa ngokusebenzisa iikholam okanye amanye amacebo.	

Uvavanyo (jonga kumaphepha angasemva esi sikhokelo)

Uvavanyo olubhalwayo: Ukudibanisa

Addition

	Resources
Mental Maths: Show me a number!	teacher and learner base 10 blocks
Game: What number?	base 10 blocks



Day	Lesson activity	Lesson resources
1	Mental addition	LAB, base 10 blocks
2	Mental addition with carrying	LAB, base 10 blocks
3	Addition over 100 using a number line	LAB, blank number line
4	Addition over 100 using the column method	LAB, base 10 blocks
5	Consolidation and assessment for learning	LAB

After this week the learner should be able to:	✓
add 1- or 2-digit numbers to 1- or 2-digit numbers using base 10 blocks and mental strategies, without bridging the tens.	
recognise that the written working for addition problems can be recorded using columns or other strategies.	

Assessment (see back pages of this guide)

Written assessment: Addition

Ukudibanisa

Izibalo zentloko

Kule veki sijolisa ekuchongeni ama-100, 10 nemivo kumanani amivo mi-3. Bonisa abafundi ama-100, 10 noo-1 ngokusebenzisa iibloko zesiseko se-10, uze ubayalele ukuba babize elo nani. Kungenjalo, biza inani baze abafundi balibonise ngeebloko zabo zesiseko se-10.

Umdlalo

Kule veki abafundi baza kudlala umdlalo othi Leliphi inani? besebenzisa iibloko zesiseko se-10. Umfundi omnye uza kwakha inani elimivo mi-3 aze omnye alixele. Xa bewakhile la manani, mabathethe ngamanani abawabonisileyo – mangaphi ama-100? Mangaphi ama-10? Mingaphi imivo? Kufuneka banikane amathuba okubiza nokubonisa inani.

Uphuhliso lwengqiqo

Abafundi baza kusombulula iingxaki zokudibanisa besebenzisa iibloko zesiseko se-10 ukuze babethelele izibalo zentloko nolwazi lweengxaki ezingaweleli ngaphaya kweshumi. Banike ithuba lokuziqhelisa ukusombulua iingxaki ngokudibanisa ama-10 nemivo, babale ngokukhawuleza nangempumelelo. Siza kugxila koku:

- ukudibanisa amanani anomvo o-1 namivo mi-2 bengaweleli ngaphaya kweshumi, besebenzisa iibloko zesiseko se-10 neminye imiboniso.
- ukuqonda ukuba umsebenzi obhaliweyo weengxaki zokudibanisa ungagcinwa ngokusebenzisa iikholam namanye amacebo, kusakhelwa kumsebenzi owenziwe kwiBanga lesi-2.

Into emayiqatshelwe kule veki

- Iibloko zesiseko se-10 yimiboniso yemathematika ephathekayo neluncedo kwaye ukusetyenziswa kwazo kunceda abafundi babe nombono wezibalo eziquka ama-100, ama-10 nemivo. Bakhuthaze abafundi bathethe ngeendlela abazisebenzisa ngayo iibloko xa bedibanisa. Ukukwazi ukuthetha ngezisombululo nokuthethelela iindlela zokubala kubaluleke kakhulu kuphuhliso lolwazi lwemathematika. Abafundi kufuneka bakwazi ukudibanisa ngokukhululekileyo bengawelelanga ngaphaya kwe-10.
- Isigama esibalulekileyo: ama-**100**, **ama-10**, **imivo**, **ukudibanisa**, **ukuthabatha**, **isivakalisi manani.**

Addition

Mental Maths

This week we focus on identifying 100s, 10s and 1s in 3-digit numbers. Show the learners 100s, 10s and 1s using base 10 blocks and tell them to call out the number. Alternatively, call out a number, and the learners can show it with their base 10 blocks.

Game

This week learners play the game What number? using base 10 blocks. One learner makes a 3-digit number and the other one names it. When they have built the number, let them talk about what they have shown – how many 100s? how many 10s? how many 1s? They must take turns to call and show numbers.

Concept development

Learners will solve addition problems using base 10 blocks in order to consolidate their mental maths and understanding of problems that do not bridge ten. Get them to practice solving problems by adding 10s and 1s, working quickly and efficiently. We will focus on:

- adding 1- and 2-digit numbers without bridging the tens, using base 10 blocks and other representations.
- recognising that written work for addition problems can be recorded using columns or other strategies, building on work done in Grade 2.

What to look out for this week

- Base 10 blocks are a useful concrete mathematical representation and the use of these blocks helps learners to visualise computations that involve 100s, 10s and 1s. Encourage learners to talk about how they use the blocks when they add. The ability to verbalise solutions and justify methods is an essential aspect of the development of mathematical understanding. Learners should be able to add comfortably without bridging 10.
- Important vocabulary: **100s**, **10s**, **1s**, **addition**, **subtraction**, **number sentence**
-

Ukudibanisa ngentloko

IZIBALO ZENTLOKO (MENTAL MATHS) | NDIBONISE INANI (IIBLOKO) (SHOW ME A NUMBER (BLOCKS)) → UPHUHLISO LWENGQIQO (CONCEPT DEVELOPMENT) → UMDLALO (GAME) → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA (WORKSHEETS)

IZIBALO ZENTLOKO | MENTAL MATHS

Sebenzisa iibloko zesiseko se-10 wakhe amanani, uthethe ngama-10 nemivo.

Use base 10 blocks to make numbers and to talk about 10s and 1s.

Ukhumbule ukuqinisekisa umhla nokuphawula irejista yonke imihla.

Remember to check the date and mark the register every day.







Mental addition

Imisetyenzana yokutyebisa • Enrichment activities

Usuku 1 Day 1

Dibanisa.
Add.

26 + 50 = _____

40 + 12 = _____

31 + 20 = _____

30 + 21 = _____

52 + 10 = _____

10 + 30 = _____

28 + 11 = _____

70 + 20 = _____

55 + 40 = _____

10 + 50 = _____

Usuku 2 Day 2

Dibanisa.
Add.

50 + 47 = _____

71 + 10 = _____

20 + 42 = _____

61 + 30 = _____

40 + 31 = _____

15 + 40 = _____

30 + 43 = _____

64 + 10 = _____

30 + 30 = _____

92 + 30 = _____

Usuku 3 Day 3

Dibanisa.
Add.

36 + 42 = _____

43 + 45 = _____

35 + 22 = _____

54 + 34 = _____

12 + 76 = _____

44 + 34 = _____

71 + 27 = _____

42 + 17 = _____

63 + 33 = _____

51 + 42 = _____

Usuku 4 Day 4

Dibanisa.
Add.

63 + 34 = _____

46 + 12 = _____

53 + 26 = _____

11 + 65 = _____

38 + 21 = _____

71 + 16 = _____

52 + 15 = _____

27 + 52 = _____

83 + 14 = _____

21 + 66 = _____

Ukudibanisa ngentloko

IZIBALO ZENTLOKO (MENTAL MATHS) | NDIBONISE INANI (IIBLOKO) (SHOW ME A NUMBER (BLOCKS)) → UPHUHLISO LWENGQIQO (CONCEPT DEVELOPMENT) → UMDLALO (GAME) → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA (WORKSHEETS)

UPHUHLISO LWENGQIQO | CONCEPT DEVELOPMENT

Sithini isiphumo kwaye usifumene njani?
What is the answer and how did you get it?

Ndibalile! Ndifumene ama-20.
I counted! I got 20.

Ndiyazi ukuba 6 + 4 li-10, ngoko ke isiphumo ngama-20.
I know 6 + 4 is 10, so the answer is 20.

Kunjalo, ukuba udibanisa imivo – ufumana ntoni?
Yes, if you put the ones together – what do you get?



Ndine-10 elinye nemivo elishumi. Ndinama-20.
I have one 10 and ten 1s. I have 20.



Khawuzame le. Ungalenza ishumi?
Try this one. Can you make a ten?



Ezisi-8 nezi-2 zenza ezilishumi. Isiphumo ngama-30.
8 and 2 makes ten. The answer is 30.

Ukwenza ishumi (okanye isiphindwa se-10) liqhinga lezentloko abanokuziqhelisa lona abafundi kunjalo nje babe ziincutshe. Ukwenza njalo kuya kubanceda xa besenza izibalo zamanani amakhulu. Bakhuthaze abafundi ukuba balazi eli qhinga.

Making a ten (or a multiple of 10) is a mental strategy learners can practice and become very good at. This will help them when they work on calculations with bigger numbers. Encourage learners to become fluent in this strategy.

Mental addition

IVEKI • WEEK 4

USUKU 1 • DAY 1

Ukudibanisa ngentloko
Mental addition

IZIBALO ZENTLOKO (MENTAL MATHS) → NDIBONISE INANI (IIBLOKO) (SHOW ME A NUMBER (BLOCKS)) → UMDLALO (GAME) → UPHUHLISO LWENGQIQO (CONCEPT DEVELOPMENT) → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA (WORKSHEETS)

Umdlalo: Leliphi inani?
Game: What number?

- Sebenzani ngababini. Yakhani inani ngeebloko zenu.
  Work in pairs. Build the number using your blocks.
- Leliphi inani?
  What number?
- Mangaphi ama-100s? Mangaphi ama-10? Mingaphi imivo?
  How many 100s? How many 10s? How many 1s?



Bala ngentloko rhoqo ukuba unakho. Ungazisebenzisa iibloko xa ufuna. Ukhumbule ukuba imivo elishumi yenza i-10 elinye.
Always work in your head if you can. Use blocks if you need to. Remember ten 1s makes one 10.



1 Dibanisa ngokuhlela oo-1.
Add by grouping the 1s.

 34 + 6 = 40	 44 + 6 = 50	 29 + 1 = 30
 37 + 3 = 40	 36 + 4 = 40	 39 + 1 = 40
 47 + 3 = 50	 26 + 4 = 30	 42 + 8 = 50

Ukudibanisa ngentloko

2 Dibanisa.

Add.

37 + 3 = 40	46 + 4 = 50	41 + 9 = 50
71 + 9 = 80	21 + 9 = 30	37 + 3 = 40
82 + 8 = 90	74 + 6 = 80	28 + 2 = 30
55 + 5 = 60	38 + 2 = 40	65 + 5 = 70
63 + 7 = 70	57 + 3 = 60	84 + 6 = 90

3 Dibanisa ukuze wenze inani eliphezu kwendlu ekhanyisayo.

Add to make the number at the top of the lighthouse.



Umdlalo: IMaths ekhawulezayo ngamakhadi – dibanisa
Game: Fast maths with cards – add

- Yenza isicuku ngamakhadi amanani 0–10.
  Place number cards 0 to 10 in a pile.
- Guqula ikhadi elinye.
  Flip one card.
- Kufuneka ezingaphi ukuze wenze ama-20?
  How much to make 20?
- Bala ngokukhawuleza! Yenza ama-30, ama-40, ama-50, ama-60, ama-90 okanye i-100.
  Work fast! Make 30, 40, 50, 60, 90 or 100.



Mental addition with carrying

IZIBALO ZENTLOKO
MENTAL MATHS

NDIBONISE INANI (IIBLOKO)
SHOW ME A NUMBER (BLOCKS)

→ UPHUHLISO LWENGQIQO
CONCEPT DEVELOPMENT

→ UMDLALO
GAME

→ AMAPHEPHA OKUSEBENZELA
WORKSHEETS

UPHUHLISO LWENGQIQO | CONCEPT DEVELOPMENT

Ngubani isiphumo kwaye usifumene njani?
What is the answer and how did you get it?



Wenza njani xa usebenzisa iibloko zakho?
How can you do it using your blocks?

Kwenzeka ntoni xa udibanisa iziphindwa ze-10?
What if you add multiples of 10?



Namhlanje abafundi bafunde indlela yokusebenzisa iqhinga lokwenza ishumi libancede xa bebala ngentloko izibalo eziwelela ngaphaya kweshumi. Bakhuthaze abafundi bafune indlela yokwenza ishumi ukuze kube lula ukwenza izibalo zokudibanisa ngamanani.

Today learners have seen how to use the strategy of making a ten to help them when working on mental calculations that bridge ten. Encourage learners to look for how to make a ten to help them simplify addition calculations with numbers.

IVEKI • WEEK 4

USUKU 2 • DAY 2

Ukudibanisa ngentloko okunokuweza
Mental addition with carrying

IZIBALO ZENTLOKO (MENTAL MATHS) → NDIBONISE INANI (IIBLOKO) (SHOW ME A NUMBER (BLOCKS)) → UMDLALO (GAME) → UPHUHLISO LWENGQIQO (CONCEPT DEVELOPMENT) → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA (WORKSHEETS)

Bala ngentloko ukuba uyakwazi. Ungazisebenzisa iibloko xa ufuna. Ukhumbule ukuba imivo elishumi yenza i-10 elinye.

Always work in your head if you can. Use blocks if you need to. Remember ten 1s make one 10.



1 Dibanisa ngokuhlela oo-1.
Add by grouping the 1s.

 36 + 5 = 41	 29 + 4 = 33	 37 + 6 = 43
 38 + 4 = 42	 39 + 5 = 44	 47 + 6 = 53
 28 + 4 = 32	 45 + 9 = 54	 38 + 4 = 42

2 Dibanisa.
Add.

9 + 3 = 12	6 + 6 = 12	25 + 5 = 30	27 + 6 = 33
8 + 5 = 13	7 + 7 = 14	26 + 6 = 32	28 + 7 = 35
7 + 8 = 15	8 + 8 = 16	27 + 7 = 34	29 + 8 = 37
9 + 6 = 15	9 + 9 = 18	28 + 8 = 36	29 + 9 = 38

Mental addition with carrying

3 Dibanisa. Bhala izivakalisi manani.

Add. Write the number sentences.

 23 + 30 = 53	 23 + 32 = 55	 23 + 34 = 57
 31 + 40 = 71	 31 + 42 = 73	 31 + 45 = 76

4 Dibanisa.

Add.

9 + 20 = 29	9 + 40 = 49	9 + 50 = 59	9 + 60 = 69
17 + 20 = 37	17 + 30 = 47	17 + 40 = 57	17 + 60 = 77
24 + 20 = 44	24 + 30 = 54	24 + 40 = 64	24 + 50 = 74
38 + 10 = 48	38 + 20 = 58	38 + 30 = 68	38 + 40 = 78

5 Sombulula. Bhala unobumba ezantsi kwesiphumo.

Solve. Write the letter below the answer. *Teacher check and adapt this if necessary

~~29 + 3 = 14~~ 21 − 7 = 14 A	22 − 6 = 16 N	18 + 5 = 23 I
24 − 5 = 19 J	19 + 2 = 21 A	21 − 7 = 32 L
17 + 7 = 24 T	23 − 8 = 15 E	26 + 8 = 34 B
31 − 3 = 28 I	25 + 8 = 33 M	32 − 6 = 26 Y
29 + 2 = 31 H	35 − 8 = 27 A	38 + 2 = 40 O
33 − 4 = 29 T		

14	15	16	19	21	23	24	26	27	28	29	31	32	33	34	40
A	E	N	J	A	I	T	Y	A	I	T	H	L	M	B	O

Ukudibanisa okudlula i-100 kumgcamanani

IZIBALO ZENTLOKO (MENTAL MATHS) | NDIBONISE INANI (IIBLOKO) (SHOW ME A NUMBER (BLOCKS)) → UPHUHLISO LWENGQIQO (CONCEPT DEVELOPMENT) → UMDLALO (GAME) → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA (WORKSHEETS)

UPHUHLISO LWENGQIQO | CONCEPT DEVELOPMENT





Nika imizekelo eliqela yokufika kwi-10 kumgca manani kuluhlu lwamanani asuka kwi-100 ukuya kuma-500.

Provide several examples of getting to 10 on a number line in the number range 100 to 500.



Nika abafundi amathuba aliqela okusebenzisa umgcamanani ukudibanisa imivo nama-10. Ukwenza njalo kuya kwenza bakwazi ukuthetha ngendlela yokwenza i-10 kuluhlu lwamanani aphezulu (ukutsiba ngemivo nangama-10) aza kubanceda babale ngentloko amanani amakhulu kune-100.

Provide multiple opportunities to learners to use number lines to add 1s and 10s. This will enable them to generalise the make-a-10 method in a higher number range (jumping in 1s and 10s) which will help them work mentally with numbers bigger than 100.

Addition over 100 using a number line

IVEKI • WEEK 4

USUKU 3 • DAY 3

Ukudibanisa okudlula kwi-100 usebenzisa umgcamanani
Addition over 100 using a number line

IZIBALO ZENTLOKO (MENTAL MATHS) → NDIBONISE INANI (IIBLOKO) (SHOW ME A NUMBER (BLOCKS)) → UMDLALO (GAME) → UPHUHLISO LWENGQIQO (CONCEPT DEVELOPMENT) → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA (WORKSHEETS)

I-10 lizele.
A 10 is filled up.

Thelekisa: 125 + 5 = 130
Compare: 25 + 5 = 30

1 Dibanisa. Sebenzisa umgcamanani.
Add. Use the number line.



142 + 6 = 148	143 + 7 = 150	145 + 4 = 149	144 + 6 = 150



161 + 4 = 165	164 + 6 = 170	165 + 5 = 170	168 + 1 = 169



217 + 3 = 220	210 + 7 = 217	211 + 6 = 217	216 + 4 = 220

2 Dibanisa.
Add.

Ask learners to predict the next question using the pattern, e.g.

35 + 5 = 40	62 + 8 = 70	31 + 9 = 40	77 + 3 = 80
135 + 5 = 140	162 + 8 = 170	131 + 9 = 140	177 + 3 = 180
235 + 5 = 240	262 + 8 = 270	231 + 9 = 240	277 + 3 = 280
335 + 5 = ____	362 + 8 = ____	331 + 9 = ____	377 + ____ = 380

Ukudibanisa okudlula i-100 kumgcamanani

Amakhulu azele.

100s are filled up.



Thelekisa: 250 + 50 = 300

Compare: 50 + 50 = 100

3 Dibanisa. Sebenzisa umgcamanani.

Add. Use the number line.



170 + 30 = 200	150 + 50 = 200	110 + 90 = 200
140 + 60 = 200	150 + 50 = 200	160 + 40 = 200



340 + 30 = 370	330 + 40 = 370	350 + 40 = 390
390 + 10 = 400	360 + 20 = 380	350 + 50 = 400



450 + 50 = 500	410 + 40 = 450	440 + 50 = 490
450 + 30 = 480	470 + 30 = 500	430 + 70 = 500

4 Dibanisa.

Add.

80 + 20 = 100	20 + 60 = 80	60 + 40 = 100
70 + 30 = 100	140 + 50 = 190	260 + 40 = 300

Addition using the column method

IZIBALO ZENTLOKO (MENTAL MATHS) | NDIBONISE INANI (IIBLOKO) (SHOW ME A NUMBER (BLOCKS)) → UPHUHLISO LWENGQIQO (CONCEPT DEVELOPMENT) → UMDLALO (GAME) → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA (WORKSHEETS)

UPHUHLISO LWENGQIQO | CONCEPT DEVELOPMENT

Masidibanise sisebenzise itheyibhile yethu yexabiso lendawo. Singenza ntoni?
Let's add using our place value table. What do we do?



1

Singadibanisa ama-10 nemivo ngeebloko zethu kwitheyibhile yexabiso lendawo.
We can add 10s and 1s using our blocks on the place value table.


2


3

Amashumi ama-3 nemivo emi-5 enza ama-35.
3 tens and 5 ones is 35.

Amashumi ama-4 nomvo o-1 enza ama-41.
4 tens and 1 one is 41.


4

Ndidibanisa imivo ze ndidibanise amashumi. Ndifumana imivo emi-6 namashumi asi-7. Ngama-76 zizonke.
I add the ones and I add the tens. I get 6 ones and 7 tens altogether. That is 76.

35 + 41 = 76



5

Nika abafundi amathuba aliqela okusombulula iingxaki eziquka ukudibanisa ama-10 nemivo basebenzise iibloko zesiseko se-10 netheyibhile yexabiso lendawo, bangaweli ngaphaya kwe-10. Bayalele ukuba bakucacisele indlela ebanceda ngayo itheybhile yexabiso lendawo ekusombululeni iingxaki ngempumelelo ngokuhlela ama-10 nemivo.

Allow learners multiple opportunities to solve problems that involve adding 10s and 1s using base 10 blocks and the place value table, not bridging 10. Ask them to explain to you how the place value table helps them to solve problems more efficiently by grouping the 10s and 1s.

Ukudibanisa ngendlela yeekholam

IVEKI • WEEK 4

USUKU 4 • DAY 4

Ukudibanisa ngendlela yeekholam
Addition using the column method

IZIBALO ZENTLOKO – MENTAL MATHS → NDIBONISE INANI (IIBLOKO) – SHOW ME A NUMBER (BLOCKS) → UMDLALO – GAME → UPHUHLISO LWENGQIQO – CONCEPT DEVELOPMENT → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA – WORKSHEETS

26 + 33 = 59

			amashumi tens	imivo ones
Ama-26 ayafana nama-20 nesi-6. 26 is the same as 20 and 6.			2	6
Ukudibanisa ama-33 kuyafana nokudibanisa ama-30 nesi-3. Adding 33 is the same as adding 30 and 3.			+ 3	3
Masidibanise ama-10 noo-1. Let's add 10s and 1s. 			5	9

Amashumi ama-2 namashumi ama-3 enza amashumi ama-5.
Imivo emi-6 nemivo emi-3 yenza imivo esi-9.
Ndinama-59 zizonke.

2 tens and 3 tens makes 5 tens.
6 ones and 3 ones makes 9 ones.
I have 59 altogether.

1 Dibanisa usebenzise iibloko.
Add using blocks.

47 + 32 = 79	51 + 22 = 73	25 + 46 = 71
31 + 61 = 92	83 + 22 = 105	54 + 13 = 67

Addition using the column method

2 Dibanisa.
Add.



	5	6
+	1	2
	6	8



	3	5
+	2	3
	5	8

3 Dibanisa. Sebenzisa iibloko zakho.
Add. Use your blocks.

26 + 13 = 39

	amashumi tens	imivo ones
	2	6
+	1	3
	3	9

25 + 51 = 76

	amashumi tens	imivo ones
	2	5
+	5	1
	7	6

22 + 32 = 54

	amashumi tens	imivo ones
	2	2
+	3	2
	5	4

36 + 11 = 47

	amashumi tens	imivo ones
	3	6
+	1	1
	4	7

33 + 52 = 85

	amashumi tens	imivo ones
	3	3
+	5	2
	8	5

34 + 45 = 79

	amashumi tens	imivo ones
	3	4
+	4	5
	7	9

42 + 34 = 76

	amashumi tens	imivo ones
	4	2
+	3	4
	7	6

55 + 24 = 79

	amashumi tens	imivo ones
	5	5
+	2	4
	7	9

61 + 38 = 99

	amashumi tens	imivo ones
	6	1
+	3	8
	9	9

IVEKI • WEEK 4

USUKU 5 • DAY 5

Uqukaniso
Consolidation

IPHEPHA LOKUSEBENZELA WORKSHEET → IPHEPHA LOKUSEBENZELA WORKSHEET

Masithethe ngeMaths!
Let's talk Maths!

NgesiXhosa sithi:	In English we say:
yenza i-10	make a 10
Imivo elishumi iyafana ne-10 elinye.	Ten ones is the same as one 10.
isivakalisi manani	number sentence
dibanisa	add
Dibanisa iziphindwa ze-10.	Add multiples of 10.
Ama-10 alishumi ayafana ne-100 elinye.	Ten 10s is the same as one 100.
Zalisa ama-100.	Fill the 100s.

1 Dibanisa ukuze wenze inani eliphezu kwendlu ekhanyisayo.
Add to make the number at the top of the lighthouse.



2 Dibanisa.
Add.

235 + 5 = 240	142 + 7 = 149	333 + 7 = 340
178 + 2 = 180	330 + 50 = 380	260 + 40 = 300

Assessment and consolidation

3 Dibanisa ngomgcamanani.

Add using the number line.



130 + 10 = 140	134 + 5 = 139	134 + 6 = 140
130 + 7 = 140	132 + 8 = 140	136 + 4 = 140



120 + 30 = 150	150 + 10 = 160	160 + 40 = 200
180 + 20 = 200	160 + 30 = 190	130 + 70 = 200

4 Dibanisa.

Add.

14 + 52 = 66

amashumi tens	imivo ones
1	4
+ 5	2
6	6

65 + 24 = 89

amashumi tens	imivo ones
6	5
+ 2	4
8	9

33 + 56 = 89

amashumi tens	imivo ones
3	3
+ 5	6
8	9

34 + 31 = 65

amashumi tens	imivo ones
3	4
+ 3	1
6	5

67 + 22 = 89

amashumi tens	imivo ones
6	7
+ 2	2
8	9

81 + 12 = 93

amashumi tens	imivo ones
8	1
+ 1	2
9	3

Ukuthabatha

	Izixhobo
Izibalo zentloko: Ndinike elingaphezulu	oonotsheluza
Umdlalo: IMaths ekhawulezayo ngamakhadi – thabatha	amakhadi amanani abafundi 0-10










Usuku	Umsebenzi wesifundo	Izixhobo zezifundo
1	Ukuthabatha ngentloko	iLAB, iibloko zesiseko se-10
2	Ukuthabatha ngentloko okunokuboleka	iLAB, iibloko zesiseko se-10
3	Ukuthabatha okudlulela ngaphaya kwe-100 kusetyenziswa umgcamanani	iLAB, umgcamanani ongenanto
4	Ukuthabatha usebenzisa indlela yeekholam	iLAB, iibloko zesiseko se-10
5	Uqukaniso novavanyo olujolise ekufundeni	iLAB

Emva kwale veki umfundi kufuneka akwazi ukwenza oku:	✓
ukuthabatha amanani anomvo o-1 okanye amivo mi-2 kumanani anomvo o-1 okanye emi-2 besebenzisa iibloko zesiseko se-10 neqhinga lengqondo bengaweleli ngaphaya kweshumi.	
ukunakana ukuba umsebenzi obhaliweyo weengxaki zokuthabatha ungarekhodwa ngokusebenzisa iikholam okanye amanye amacebo.	

Uvavanyo (jonga kumaphepha angasemva esi sikhokelo)

Uvavanyo olubhalwayo: Ukuthabatha

Subtraction

	Resources
Mental Maths: Give me more than…	flard cards
Game: Fast maths with cards – subtract!	learner number cards 0-10



Day	Lesson activity	Lesson resources
1	Mental subtraction	LAB, base 10 blocks
2	Mental subtraction with borrowing	LAB, base 10 blocks
3	Subtraction over 100 using a number line	LAB, blank number line
4	Subtraction using the column method	LAB, base 10 blocks
5	Consolidation and assessment for learning	LAB

After this week the learner should be able to:	✓
subtract 1- or 2-digit numbers to or from 1- or 2-digit numbers, using base 10 blocks and mental strategies, without bridging tens.	
recognise that the written working for subtraction problems can be recorded using columns or other strategies.	

Assessment (see back pages of this guide)

Written assessment: Subtraction

Ukuthabatha

Izibalo zentloko

Kule veki, kwizibalo zentloko, sigxila kwiingqiqo ezingokungaphezulu kunenye. Utitshala uza kubonisa amanani amivo mi-2 namivo mi-3 ngoonotsheluza bakhe, ze abafundi babonise inani elingaphezulu ngo-1, 2, 3, 4, 5 okanye nge-10 besebenzisa ababo oonotsheluza. Oonotsheluza banceda abafundi ekuphuhliseni ulwazi lwabo lwamanani – basebenzisa amakhadi xa besakha amanani enziwe ngemivo, ngama-10 nangama-100. Thetha nabo ngamanani abawakhayo.

Umdlalo

Kule veki siza kudlala umdlalo othi iMaths ekhawulezayo ngamakhadi – thabatha! Abafundi baza kuziqhelisa ukusombulula iingxaki ngokukhawuleza ngokukhumbula iibhondi zamanani. Kufuneka bathabathe kumanani ahlukileyo (ama-50, 60, 70, 80, 90 okanye i-100). Kubalulekile ukuba abafundi bakwazi ukusombulula iingxaki ngempumelelo ukuze babe nesiseko esiluqilima seengxaki eziqatha kwixesha elizayo.

Uphuhliso lwengqiqo



Abafundi baza kusombulula iingxaki besebenzisa iibloko zesiseko se-10. Baza kubethelela izibalo zentloko nolwazi lweengxaki ezingaweleli ngaphaya kweshumi. Abafundi baza kuziqhelisa ukusombulula iingxaki ngokuthabatha ama-10 nemivo ukuze babale ngokukhawuleza nangempumelelo. Siza kujolisa koku:

- ukuthabatha amanani anomvo o-1 namivo mi-2, bengaweleli ngaphaya kweshumi, besebenzisa iibloko zesiseko se-10 neminye imiboniso.
- ukuqonda ukuba umsebenzi obhaliweyo weengxaki zokuthabatha ungagcinwa ngokusebenzisa iikholam namanye amacebo, kusakhelwa kumsebenzi owenziwe kwiBanga lesi-2.

Into emayiqatshelwe kule veki

- Iibloko zesiseko se-10 yimiboniso yemathematika ephathekayo neluncedo kwaye ukusetyenziswa kwazo kunceda abafundi babe nombono wezibalo eziquka ama-100, ama-10 nemivo. Bakhuthaze abafundi bathethe ngeendlela abazisebenzisa ngayo iibloko xa bethabatha. Ukukwazi ukuthetha ngezisombululo nokuthethelela iindlela zokubala kubaluleke kakhulu kuphuhliso lolwazi lwemathematika. Abafundi kufuneka bakwazi ukuthabatha ngokukhululekileyo bengawelanga ngaphaya kwe-10.
- Isigama esibalulekileyo: **ama-100**, **ama-10**, **imivo**, **ukudibanisa**, **ukuthabatha**, **isivakalisi manani**

Subtraction

Mental Maths

This week we focus on the concepts of more than in Mental Maths. The teacher will show a 2- or 3-digit number using your flard card and learners must show a number 1, 2, 3, 4, 5 or 10 more using their flard cards. The flard cards allow learners to develop their number sense – they work with cards to construct numbers made of 1s, 10s and 100s. Talk to them about the numbers they make.

Game

This week we will play Fast maths with cards – subtract! Learners will practice solving problems quickly by recalling number facts. They must subtract from different numbers (50, 60, 70, 80, 90 or 100). It is important for learners to be able to solve simple problems efficiently in order to provide a solid foundation for more difficult problems later on.

Concept development



Learners will solve subtraction problems using base 10 blocks. Learners will consolidate their mental maths and understanding of problems that do not bridge ten. Learners will practice solving problems by subtracting 10s and 1s, so as to work quickly and efficiently. We will focus on:

- subtracting 1- and 2-digit numbers without bridging the tens, using base 10 blocks and other representations.
- recognising that written work for subtraction problems can be recorded using columns or other strategies, building on work done in Grade 2.

What to look out for this week

- Base 10 blocks are a useful concrete mathematical representation and the use of these blocks helps learners to visualise computations that involve 100s, 10s and 1s. Encourage learners to talk about how they use the blocks when they subtract. The ability to verbalise solutions and justify methods is an essential aspect of the development of mathematical understanding. Learners should be able to subtract comfortably without bridging 10.
- Important vocabulary: **100s**, **10s**, **1s**, **addition**, **subtraction**, **number sentence**

Ukuthabatha ngentloko

IZIBALO ZENTLOKO MENTAL MATHS | LINGAPHEZULU KUNA MORE THAN → UPHUHLISO LWENGQIQO CONCEPT DEVELOPMENT → UMDLALO GAME → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA WORKSHEETS

IZIBALO ZENTLOKO | MENTAL MATHS

Sebenzisa oonotsheluza ubonise amanani angaphezulu ngo-1, 2, 3, 4, 5 okanye nge-10.

Use flard cards to show 1, 2, 3, 4, 5 or 10 more.

Ukhumbule ukuqinisekisa umhla nokuphawula irejista yonke imihla.

Remember to check the date and mark the register every day.

Veza elingaphezulu ngezi-2.
Show me 2 more.

1

Ama-78 angaphezulu ngezi-2 kunama-76.
78 is 2 more than 76.

2

Ndibonise elingaphezulu ngezi-4.
Show me 4 more.

3

Ama-369 angaphezulu ngezi-4 kunama-365.
369 is 4 more than 365.

4

Mental subtraction

Imisetyenzana yokutyebisa • Enrichment activities

Usuku 1 Day 1

Thabatha.
Subtract.

86 – 50 = _____

45 – 10 = _____

39 – 20 = _____

64 – 60 = _____

52 – 30 = _____

99 – 30 = _____

28 – 10 = _____

67 – 40 = _____

59 – 10 = _____

79 – 50 = _____

Usuku 2 Day 2

Thabatha.
Subtract.

59 – 40 = _____

77 – 30 = _____

24 – 10 = _____

61 – 50 = _____

45 – 30 = _____

89 – 20 = _____

39 – 10 = _____

64 – 10 = _____

37 – 20 = _____

92 – 30 = _____

Usuku 3 Day 3

Thabatha.
Subtract.

66 – 40 = _____

83 – 70 = _____

35 – 20 = _____

54 – 30 = _____

92 – 10 = _____

46 – 30 = _____

71 – 50 = _____

22 – 10 = _____

63 – 30 = _____

51 – 40 = _____

Usuku 4 Day 4

Thabatha.
Subtract.

63 – 30 = _____

84 – 10 = _____

45 – 20 = _____

91 – 60 = _____

32 – 20 = _____

61 – 46 = _____

52 –50= _____

77 – 50 = _____

93 – 70 = _____

31 – 10 = _____

Ukuthabatha ngentloko

IZIBALO ZENTLOKO (MENTAL MATHS) — LINGAPHEZULU KUNA (MORE THAN) → UPHUHLISO LWENGQIQO (CONCEPT DEVELOPMENT) → UMDLALO (GAME) → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA (WORKSHEETS)

UPHUHLISO LWENGQIQO | CONCEPT DEVELOPMENT

Ithini impendulo kwaye uyifumene njani?
What is the answer and how did you get it?

1

Uzisebenzise njani iibloko zakho?
How can you do it using your blocks?

Nditshintshise i-10 ngemivo elishumi.
I exchange a 10 for ten 1s.

2

Ndishiyekelwe ngama-26.
I am left with 26.

3

Khawuzame le.
Try this one.

4

Ukuya kwi-10 (okanye iziphindwa ze-10) liqhinga lengqondo abanokuziqhelisa lona abafundi kwaye babe nobuchule. Oku kuya kubanceda xa bebala ngamanani amakhulu. Bakhuthaze abafundi ukuze balazi eli qhinga.

Getting to 10 (or a multiple of 10) is a mental strategy learners can practice and become very good at. This will help them when they work on calculations with bigger numbers. Encourage learners to become fluent in this strategy.

Mental subtraction

IVEKI • WEEK 5

USUKU 1 • DAY 1

Ukuthabatha ngentloko
Mental subtraction

IZIBALO ZENTLOKO MENTAL MATHS | LINGAPHEZULU KUNA- MORE THAN → UMDLALO GAME → UPHUHLISO LWENGQIQO CONCEPT DEVELOPMENT → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA WORKSHEETS

Umdlalo: IMaths ekhawulezayo ngamakhadi – thabatha
Game: Fast maths with cards – subtract

- Yenza isicuku ngamakhadi amanani 0–10.
  Place number cards 0 to 10 in a pile.
- Guqula ikhadi elinye.
  Flip one card.
- Thabatha kuma-50.
  Subtract from 50.
- Khawuthabathe ke ngoku kuma-60, 70, 80, 90 nakwi-100.
  Next subtract from 60, 70, 80, 90 and 100.

Bala ngentloko ngalo lonke ixesha ukuba uyakwazi. Sebenzisa iibloko xa kukho imfuneko. Tshintshisa i-10 elinye ngemivo elishumi.

Always work in your head if you can. Use blocks if you need to. Exchange one 10 for ten 1s.



1 Thabatha ngokutshintshisela ngeshumi elinye.
Subtract by exchanging one ten.

 40 – 6 = 34	 30 – 5 = 25	 20 – 1 = 19
 50 – 2 = 48	 20 – 7 = 13	 60 – 4 = 56
 30 – 4 = 26	 20 – 4 = 16	 40 – 8 = 32

Ukuthabatha ngentloko

2 Thabatha.

Subtract.

10 – 2 = 8	10 – 3 = 7	10 – 6 = 4
20 – 2 = 18	20 – 3 = 17	20 – 6 = 14
30 – 4 = 26	30 – 7 = 23	30 – 1 = 29
40 – 4 = 36	40 – 7 = 33	40 – 1 = 39
50 – 5 = 45	50 – 4 = 46	50 – 8 = 42
60 – 5 = 55	60 – 4 = 56	60 – 8 = 52

3 Thabatha ukuze wenze inani eliphezu kwendlu ekhanyisayo.

Subtract to make the number at the top of the lighthouse.







Umdlalo: Leliphi inani?
Game: What number?

- Sebenzani ngababini. Yakhani inani ngeebloko zenu.
  Work in pairs. Build the number using your blocks.
- Leliphi inani?
  What number?
- Mangaphi ama-100? Mangaphi ama-10? Mingaphi imivo?
  How many 100s? How many 10s? How many 1s?



Mental subtraction with borrowing

IZIBALO ZENTLOKO MENTAL MATHS | LINGAPHEZULU KUNA MORE THAN → UPHUHLISO LWENGQIQO CONCEPT DEVELOPMENT → UMDLALO GAME → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA WORKSHEETS

UPHUHLISO LWENGQIQO | CONCEPT DEVELOPMENT

Ithini impendulo kwaye uyifumene njani?
What is the answer and how did you get it?

Sisi-8! Ndibale ndabuya umva ukusuka kwi-17.
8! I counted back from 17.

Ungenza njani ngeebloko zakho?
How can you do it using your blocks?

Ndingatshintshisa i-10 ngemivo elishumi. Emva koko ndithabathe ezisi-9.
I can exchange the 10 for ten 1s. Then I can take away 9.



Namhlanje abafundi bafunde indlela yokusebenzisa iqhinga lokufika kwishumi libancede xa besenza izibalo zentloko eziwelela ngaphaya kweshumi. Bakhuthaze bafune indlela yokufikelela kwishumi ibancede ekwenzeni lula izibalo zokuthabatha ngamanani.

Today learners have seen how to use the strategy of getting to a ten to help them when working on mental calculations that bridge ten. Encourage them to look for the way to get to ten to help them simplify subtraction calculations with numbers.

IVEKI • WEEK 5

USUKU 2 • DAY 2

Ukuthabatha ngentloko okunokuboleka
Mental subtraction with borrowing

IZIBALO ZENTLOKO MENTAL MATHS | LINGAPHEZULU KUNA- MORE THAN → UMDLALO GAME → UPHUHLISO LWENGQIQO CONCEPT DEVELOPMENT → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA WORKSHEETS

1 Thabatha ngokutshintshisela ngeshumi elinye.
Subtract by exchanging one ten.



Qala ngokuthabatha imivo wandule ukuthabatha ama-10.
First subtract the 1s and then subtract the 10s.



35 – 23 = 12

2 Thabatha.
Subtract.

12 – 4 = 8	11 – 7 = 4	30 – 5 = 25	42 – 4 = 38
11 – 5 = 6	12 – 8 = 4	32 – 6 = 26	43 – 5 = 38
13 – 6 = 7	13 – 7 = 6	34 – 7 = 27	44 – 7 = 37
15 – 8 = 7	14 – 8 = 6	36 – 8 = 28	52 – 5 = 47

Mental subtraction with borrowing

3 Thabatha

Subtract.

Estimation means that you guess how long something is without measuring.

Kufuneka ukuthelekelela kwethu kusekelwe elwazini. Ukuba le rula inde kangange-1 m (100 cm) ucinga ukuba mde kangakanani lo mtya?
We must make an **informed** guess. If this ruler is 1 m (100 cm) long, how long do you think my string is?


2

Lo mtya mfutshane kunerula. Ndicinga ukuba unobude obungama-80 cm.
The string is shorter than the ruler. I think it is 80 cm long.

Masilinganisele lo mtya ukuze sikhangele ukuba uqikelelo lwakho lusondele kangakanani na.
Let's measure the string to check how close your estimation is.


3

Isijungqe somtya side kangange-70 cm. Bendisondele kakhulu. Umahluko li-10 cm kuphela.
The piece of string is actually 70 cm long. I was quite close! The difference is 10 cm.

Qinisekisa ukuba abafundi baqala baqikelele baze balinganisele into nganye ngenjongo yokuziqhelisa ukusebenzisa ulwazi olukhoyo ekwenzeni uqikelelo olufanelekileyo.

Watch that learners estimate and then measure each thing so that they practise using known information to make reasonable estimations.

Estimation of length

IVEKI • WEEK 7

USUKU 3 • DAY 3

Uqikelelo
Estimation

IZIBALO ZENTLOKO (MENTAL MATHS) → LINGAPHANTSI KUNA- (LESS THAN) → UMDLALO (GAME) → UPHUHLISO LWENGQIQO (CONCEPT DEVELOPMENT) → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA (WORKSHEETS)

1 Linganisela imigca.
Measure the lines.



A = 2 cm

B = $3\frac{1}{2}$ cm

C = $2\frac{1}{2}$ cm

D = 5 cm

E = $4\frac{1}{2}$ cm

Umgca D ngowona mde.

Line D is the longest.

Umgca A ngowona mfutshane.

Line A is the shortest.

Umahluko phakathi kuka-A no-B zi$1\frac{1}{2}$ cm.

The difference between A and B is $1\frac{1}{2}$ cm.

Umahluko phakathi kuka-D no-C zi$2\frac{1}{2}$ cm.

The difference between D and C is $2\frac{1}{2}$ cm.

2 Buthini ubude bemigca enemibala?
What is the length of the coloured lines?

	4 cm
	7 cm
	10 cm

Uqikelelo lobude

3 Qala ngokuqikela wandule ukulinganisela. Gqibezela itheyibhile.
First estimate, then measure. Complete the table.

	qikelela estimate	linganisela measure	umahluko phakathi koqikelelo nomlinganiselo difference between estimation and measurement
———	learners will fill in their own estimates	$3\frac{1}{2}$ cm	learners will complete this
—		2 cm	
		$4\frac{1}{2}$ cm	
		$29\frac{1}{2}$ cm	
		21 cm	
		learners will measure and fill in	
			
		$\frac{1}{2}$ cm	
		$1\frac{1}{2}$ cm	

Working with units of length

IZIBALO ZENTLOKO MENTAL MATHS | LINGAPHANTSI KUNA LESS THAN → UPHUHLISO LWENGQIQO CONCEPT DEVELOPMENT → UMDLALO GAME → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA WORKSHEETS

UPHUHLISO LWENGQIQO | CONCEPT DEVELOPMENT

UPhinda unezijungqe ezisi-7 zeeribhoni. Isijungqe ngasinye side kangange-5 m. Zinobude obungakanani iiribhoni zizonke?

Phinda has 7 pieces of ribbon. Each piece of ribbon is 5 m long. What is the total length of the ribbons?

1

Kufuneka wenze ntoni ukuze ufumane isiphumo?

What do you need to do to find out the answer?

2

Kufuneka ndiphindaphinde. Unezijunge ezisi-7, isijungqe ngasinye sinobude obungange-5 m. UPhinda uneribhoni engama-35 m ubude.

I must multiply. She has 7 pieces and each piece is 5 m in length so Phinda has 35 m of ribbon.

UNtando uhamba umgama ongama-48 m. Uyanqumama qho emva kwe-6 m. Unqumama kangaphi uNtando?

Ntando walks 48 m. He stops every 6 m. How many times does Ntando stop?

3

Kufuneka ndahlule ama-48 m abe ngamaqela e-6 m. 48 ÷ 6 = Ngoko ke, uNtando unqumama kasi-8.

I need to divide 48 m into groups of 6 m. 48 ÷ 6 = 8 so Ntando stops 8 times.

Nika abafundi iingxaki zamagama ezahlukileyo zokudibanisa, ukuthabatha, uphindaphindo nezolwahlulo ezibandakanya iiyunithi zobude abanokuzisombulula. Bakhumbuze ukuba banike iimpendulo ngokwemeko yengxaki.

Provide a variety of addition, subtraction, multiplication and division word problems involving units of length for learners to solve. Remind them to give their answers in the context of the problem.

IVEKI • WEEK 7

USUKU 4 • DAY 4

Ukusebenza ngeeyunithi zobude
Working with units of length

IZIBALO ZENTLOKO MENTAL MATHS | LINGAPHANTSI KUNA- LESS THAN → UMDLALO GAME → UPHUHLISO LWENGQIQO CONCEPT DEVELOPMENT → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA WORKSHEETS

1 Sombulula ezi ngxaki.
Solve the problems.



A + F 1cm + 6cm = 7cm

J + D 10 cm + 4 cm = 14 cm

E + H 5cm + 8 cm = 13 cm

B + I 2cm + 9 cm = 11cm

F + G 6 cm + 7cm = 13cm

B + E + H 2cm + 5cm + 8cm = 15 cm

A + F + J 1cm + 6cm + 10cm = 17 cm

2 Bala.
Calculate.

64 cm – 23 cm = 41cm	100 cm – 84 cm = 16cm
43 cm + 43 cm = 86cm	29 cm + 53 cm = 82cm

Working with units of length

3 Sombulula ezi ngxaki.
Solve the problems.

UThandeka unewulu ebomvu eli-120 cm. Unewulu ezuba engama-356 cm. Ingakanani iwulu anayo iyonke?
Thandeka has 120 cm of red wool. She has 356 cm of blue wool. How much wool does she have altogether?

Zoba.
Draw.



isivakalisi manani number sentence	Isiphumo. Answer.
120 cm + 356 cm = ____	476cm of wool

UBheki uphosa iibhola kude kangange-25 m. UMandla yena uphosa ibhola kude kangange-13 m. Yintoni umahluko phakathi kobude obuphosiweyo?
Bheki throws a ball 25 m. Mandla throws a ball 13 m. What is the difference in the distance thrown?

Zoba.
Draw.

isivakalisi manani number sentence	Isiphumo. Answer.
25m – 13m = ____	12m difference

UNosipho ubaleka ngamandla umgama ongange-7 m. Ubaleka lo mgama kasi-9. Ubaleke umgama ongakanani uNosipho?
Nosipho does 7 m sprints. She sprints 9 times. How far does Nosipho sprint?

Zoba.
Draw.



accept any suitable drawing

isivakalisi manani (or 9 x 7m) number sentence	Isiphumo. Answer.
7m x 9 = ____	63 m

IVEKI • WEEK 7

USUKU 5 • DAY 5

Uqukaniso
Consolidation

IPHEPHA LOKUSEBENZELA WORKSHEET → IPHEPHA LOKUSEBENZELA WORKSHEET

Masithethe ngeMaths!
Let's talk Maths!

NgesiXhosa sithi:	In English we say:
linganisela	measure
iimitha	metres
iisentimitha	centimetres
qikelela	estimate
thelekisa	compare
umahluko	difference

1 Phendula imibuzo.
Answer the questions.

Uhambe umgama ongakanani ubhantom?
How far did the ladybird move?



2 1/2 m

Luhambe umgama ongakanani unwabu?
How far did the snail move?



4 m

Inde kangakanani ibrashi yokupeyinta?
How long is the paintbrush?



15 cm

Inde kangakanani ibhokisi yeepenyinti?
How long is the paint box?



14 cm

Assessment and consolidation

2 Gqibezela itheyibhile.
Complete the table.

	qikelela estimate	linganisela measure	umahluko phakathi koqikelelo nomlinganiselo difference between estimation and measurement
	learners' own answers	learners will measure and fill in	learners will calculate the difference
			
			
		$3\frac{1}{2}$ cm	
		$2\frac{1}{2}$ cm	
		$4\frac{1}{2}$ cm	
			

Iingxaki zamagama nezinto ezinemilinganiselo emi-3 (3-D)

	Izixhobo
Izibalo zentloko: Ndinike elingaphezulu kuno-1, 2, 3, 4, 5, 10	oonotsheluza bamanani bakatitshala nababafundi
Umdlalo: IMaths ekhawulezayo ngamakhadi nedayisi – lingaphezulu ngo-1, 2, 3, 4, 5 okanye ngesi-6	oonotsheluza bamanani babafundi nedayisi






Usuku	Umsebenzi wesifundo	Izixhobo zezifundo
1	Iingxaki zamagama zokudibanisa nokuthabatha	iLAB, ipowusta yemali, imali yokudlala
2	Iingxaki zamagama zokudibanisa nokuthabatha	iLAB
3	Izinto ezine-3-D – eziqengqelekayo nezitybilikayo	iLAB, ingqokelela yezinto ezine-3-D (iibhola, iibhokisi neesilinda), ipowusta yezinto ezine-3-D
4	Ukuchaza izinto ezine-3-D	iLAB, ipowusta yezinto ezine-3-D, iinethi zeemilo ezine-3-D
5	Uqukaniso novavanyo olujolise ekufundeni	iLAB

Emva kwale veki umfundi kufuneka akwazi ukwenza oku:	✓
ukusebenzisa ulwazi lwangaphambili ekusombululeni iingxaki zamagama zokudibanisa nokuthabatha.	
ukuchaza nokuthelekisa iimpawu zezinto ezine-3-D.	

Uvavanyo (jonga kumaphepha angasemva esi sikhokelo)

Uvavanyo olubhalwayo: Indawo nemilo nokuphathwa kwedatha

Uvavanyo oluthethwayo nolwenziwayo: Indawo nemilo – Qwalasela abafundi ukuze uvavanye izakhono zabo zokuchonga, ukuthiya nokuchaza izinto ezine-3-D

Word problems and 3-D objects

	Resources
Mental Maths: Give me more than 1, 2, 3, 4, 5, 10	teacher and learner flard cards
Game: Fast maths with cards and dice – 1, 2, 3, 4, 5 or 6 more	learner flard cards and dice




Day	Lesson activity	Lesson resources
1	Addition and subtraction word problems	LAB, money poster, play money
2	Addition and subtraction word problems	LAB
3	3-D objects – roll and slide	LAB, an assortment of 3-D objects (balls, boxes and cylinders), 3-D objects poster
4	Describing 3-D objects	LAB, 3-D objects poster, 3-D shape nets
5	Consolidation and assessment for learning	LAB

After this week the learner should be able to:	✓
draw on previous knowledge to solve addition and subtraction word problems.	
describe and compare the characteristics of 3-D objects.	

Assessment (see back pages of this guide)

Written assessment: Space and shape and data handling

Oral and practical assessment: Space and shape – Observe learners to assess their ability to identify, name and characterise 3-D objects.

Iingxaki zamagama nezinto ezinemilinganiselo emi-3 (3-D)

Izibalo zentloko

Kule veki, kwizibalo zentloko, sigxila kwiingqiqo ezingokungaphezulu kunenye. Utitshala uza kuveza amanani amivo mi-2 namivo mi-3 ngoonotsheluza bakhe, ze abafundi baveze inani elingaphezulu ngo-1, 2, 3, 4, 5 okanye nge-10 ngababo oonotsheluza. Oonotsheluza banceda abafundi ekuphuhliseni ulwazi lwabo lwamanani – basebenzisa amakhadi xa besakha amanani enziwe ngemivo, ngama-10 nangama-100. Thetha nabo ngamanani abawakhayo.

Umdlalo

Kule veki sidlala umdlalo othi iMaths ekhawulezayo ngamakhadi nedayisi – lingaphezulu ngo-1, 2, 3, 4, 5 okanye ngesi-6! Lo mdlalo unika abafundi amathuba okudibanisa u-1, 2, 3, 4, 5 okanye isi-6 enanini. Umfundi omnye uveza inani elinemivo emi-2 okanye emi-3 ngoonotsheluza. Omnye umfundi uphosa idayisi aze adibanise u-1, 2, 3, 4, 5 okanye isi-6 kwinani eliveziweyo. Lo mdlalo uza kunceda abafundi baziqhelise ukudibanisa amanani amvo-mnye ngokukhawuleza nangokulula.

Uphuhliso lwengqiqo



Kumsebenzi wale veki ongeengxaki zamagama nezinto ezikhoyo ezinemilinganiselo emi-3, abafundi bayaqhubeka nokuziqhelisa ukudibanisa nokuthabatha phambi kokugqithela kwizinto ezine-3-D. Baza kubethelela ulwazi lwabo lokudibanisa nokuthabatha xa besenza imisebenzi eyahlukileyo yeengxaki zamagama. Bakwaxoxa ngeempawu zezinto ezine-3-D ezahlukileyo baze bajonge ukuba ziyaqengqeleka na okanye ziyatyibilika. Kule veki sijolisa koku:

- ukusebenzisa ulwazi lwangaphambili ukusombulula iingxaki zamagama zokudibanisa nokuthabatha.
- ukuchaza nokuthelekisa iimpawu zezinto ezikhoyo ezine-3-D.

Into emayiqatshelwe kule veki

- Njengoko kule veki sigxila ekubetheleleni ulwazi lwangaphambili, lithuba elihle lokusombulula iingxaki ezibandakanya ubunzima, ubude nemali.
- Kubaluleke kakhulu ukuba abafundi basebenze ngeemilo zokwenyani xa bethetha ngeempawu zazo ukuze bazibonele ngokwabo. Ukuba akunazimilo zaneleyo zokunika onke amaqela abafundi iiseti, kufuneka ubabonise ngeemilo onazo ubanike ithuba lokuza ngaphambili ukuze bazibone baziphathe nokuziphatha xa kufuneka benze njalo.
- Bakhuthaze abafundi ukuba bancokole ukuze baphuhlise ulwimi lwabo lwemathematika besebenzisa isigama esichanekileyo: **bala**, **dibanisa**, **kunye**, **ukudibanisa**, **zidibene okanye zizonke**, **zilingana**, **thabatha**, **susa**, **umahluko**, **qinisekisa**, **iimilo ezine-2D**, **izinto ezine-3-D**, **iimilo zebhola**, **iingqukamba**, **iimilo zebhokisi**, **iiprizimu**, **iisilinda**, **iiphiramidi**, **iikhowuni**, **umphezulu ogobileyo**, **qengqeleka**, **tyibilika**, **icala**, **umphezulu omcaba**, **ityhubhu**, **iprizimu eyirekthengile**, **ubuso**, **ngaphezulu kuna-**, **ngaphantsi kuna-**

Word problems and 3-D objects

Mental Maths

This week we focus on the concept of more than in Mental Maths. Show a 2- or 3-digit number using your flard cards and learners then show a number that is 1, 2, 3, 4, 5 or 10 more using their flard cards. The flard cards allow learners to develop their number sense – they work with cards to construct numbers made of 1s, 10s and 100s. Talk to them about the numbers they make.

Game

This week we play the game Fast maths with cards and dice – 1, 2, 3, 4, 5 or 6 more than! The game provides opportunities for the learners to add 1, 2, 3, 4, 5 or 6 to a number. One learner shows a 2- or 3-digit number using flard cards. The other learner throws a dice and must add 1, 2, 3, 4, 5 or 6 to the number that is shown. This game will help learners to practice adding single-digit numbers quickly and easily.

Concept development



In this week's work on word problems and 3-D objects, learners continue practising addition and subtraction before moving on to 3-D objects. They will reinforce their knowledge of addition and subtraction as they practise a variety of word problems. They also discuss the characteristics of different 3-D objects and look at whether they slide or roll. This week we focus on:

- drawing on previous knowledge to solve addition and subtraction word problems.
- describing and comparing the characteristics of 3-D objects.

What to look out for this week

- As this week focuses on reinforcing previous learning, it is a good opportunity for learners to solve problems involving mass, length, and money.
- It is vitally important that the learners work with real shapes when they are talking about the characteristics of those shapes, so that they can see these things for themselves. If you do not have enough shapes to give all the groups of learners a set, you should demonstrate using shapes and allow the learners to come to the front of the class and experiment with the real objects when they need to.
- Encourage conversation between learners so that they can develop their mathematical language using the correct vocabulary: **calculate**, **add**, **and**, **addition**, **altogether**, **equals**, **subtract**, **take away**, **difference**, **check**, **2-D shapes**, **3-D objects**, **ball shapes**, **spheres**, **box shapes**, **prisms**, **cylinders**, **pyramids**, **cones**, **curved surface**, **roll**, **slide**, **side**, **flat surface**, **cube**, **rectangular prism**, **face**, **more than**, **less than**

Iingxaki zamagama zokudibanisa nokuthabatha

IZIBALO ZENTLOKO MENTAL MATHS | NDINIKE ELINGAPHEZULU KUNO GIVE ME MORE THAN → UPHUHLISO LWENGQIQO CONCEPT DEVELOPMENT → UMDLALO GAME → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA WORKSHEETS

IZIBALO ZENTLOKO | MENTAL MATHS

Veza ngoonotsheluza amanani angaphezulu ngo-1, 2, 3, 4, 5 okanye nge-10.

Use flard cards to show 1, 2, 3, 4, 5 or 10 more.

Ukhumbule ukuqinisekisa umhla nokuphawula irejista yonke imihla.

Remember to check the date and mark the register every day.

Veza elingaphezulu ngezi-2.
Show me 2 more.

1

Ama-78 angaphezulu ngezi-2 kunama-76.
78 is 2 more than 76.

2

Ndibonise elingaphezulu ngezi-4.
Show me 4 more.

3

Ama-369 angaphezulu ngezi-4 kunama-365.
369 is 4 more than 365.

4

Addition and subtraction word problems

Imisetyenzana yokutyebisa • Enrichment activities

Usuku 1 Day 1

Thabatha.
Subtract.

75 – 41 = _____

56 – 22 = _____

28 – 14 = _____

82 – 61 = _____

67 – 30 = _____

89 – 40 = _____

38 – 20 = _____

56 – 30 = _____

69 – 50 = _____

98 – 60 = _____

Usuku 2 Day 2

Thabatha.
Subtract.

92 – 60 = _____

68 – 40 = _____

35 – 10 = _____

72 – 30 = _____

56 – 20 = _____

78 – 50 = _____

24 – 10 = _____

93 – 70 = _____

35 – 20 = _____

88 – 80 = _____

Usuku 3 Day 3

Thabatha.
Subtract.

74 – 50 = _____

88 – 60 = _____

43 – 30 = _____

65 – 40 = _____

56 – 20 = _____

97 – 80 = _____

24 – 10 = _____

36 – 20 = _____

47 – 30 = _____

69 – 60 = _____

Usuku 4 Day 4

Thabatha.
Subtract.

72 – 60 = _____

96 – 70 = _____

54 – 30 = _____

81 – 50 = _____

22 – 10 = _____

34 – 21 = _____

49 – 40= _____

68 – 50 = _____

91 – 80 = _____

75 – 30 = _____

Iingxaki zamagama zokudibanisa nokuthabatha

IZIBALO ZENTLOKO MENTAL MATHS | NDINIKE ELINGAPHEZULU KUNO GIVE ME MORE THAN → **UPHUHLISO LWENGQIQO** CONCEPT DEVELOPMENT → UMDLALO GAME → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA WORKSHEETS

UPHUHLISO LWENGQIQO | CONCEPT DEVELOPMENT

UThandeka uthenge incwadi, ibhola nebhayisekile. Incwadi ixabise ama-R33, ibhola ixabise ama-R27 yaze ibhayisekile yaxabisa ama-R51. Liyimalini ityala lakhe?

Thandeka bought a book, a ball and a bicycle. The book cost R33, the ball cost R27 and the bicycle cost R51. How much money did she owe?

Kufuneka sidibanise. R33 + R27 + R51 = R111.

We need to add. R33 + R27 + R51 = R111

Ukuba uThandeka uhlawule imali ngobunjalo bayo nqo, uza kusebenzisa eyiphi imali engamaphepha neziphi iingqekembe zemali?

So, if Thandeka paid with the exact amount, what notes and coins could she use?

Angasebenzisa i-R100 eliphepha ne-R10 eliphepha ne-R1 eyingqekembe.

She could use a R100 note, a R10 note and a R1 coin.

Kanti ke ebenakho nokusebenzisa ii-R50 ezingamaphepha ezimbini, ii-R5 ezimbini eziziingqekembe ne-R1 eyingqekembe.

She could also use two R50 notes, two R5 coins and a R1 coin.

Ukuba uThandeka une-R150, uza kufumana itshintshi yamalini ukuba uzithenga zontathu ezi zinto?

If Thandeka has R150, how much change will she get if she buys all three items?

Kufuneka sithabathe. Uza kushiyekelwa ngama-R39.

We need to subtract. She will get R39 change.

Phinda la manyathelo ngezinye iingxaki zokudibanisa nokuthabatha. Bakhuthaze abafundi ukuba bacinge ngamaqhinga abanokuwasebenzisa ekusombululeni iingxaki. Bayeke bamane bejonga kwipowusta yemali kwaye bayisebenzise imali xa kuyimfuneko.

Repeat the steps with other addition and subtraction problems. Encourage learners to think about what strategies they use to solve the problems. Allow learners to refer to the money poster and to use the money if needed.

Addition and subtraction word problems

IVEKI • WEEK 8

USUKU 1 • DAY 1

lingxaki zamagama zokudibanisa nokuthabatha
Addition and subtraction word problems

IZIBALO ZENTLOKO (MENTAL MATHS) | NDINIKE ELINGAPHEZULU KUNO (GIVE ME MORE THAN) → UMDLALO (GAME) → UPHUHLISO LWENGQIQO (CONCEPT DEVELOPMENT) → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA (WORKSHEETS)

Umdlalo: Imaths ekhawulezayo ngamakhadi – dibanisa
Game: Fast maths with cards – add

- Dlalani ngababini.
  Play in pairs.
- Veza inani usebenzise oonotsheluza bakho.
  Show a number using your flard cards.
- Phosa idayisi – dibanisa!
  Throw a dice – add!
- Phinda kwakhona!
  Do it again!



1 Sombulula.
Solve.

UMandla uthenga isonka nobisi evenkileni. Isonka sixabisa i-R1,40, ubisi lona luxabisa i-R2,30. Uchitha malini iyonke?
Mandla buys bread and milk at the shop. The bread costs R1,40 and the milk costs R2,30. How much does he spend altogether?

R1,40 + R2,30 = R3,70

Ibhayisekile enye ixabisa ama-R320. Ziza kuxabisa malini iibhayisekile ezimbini?
One bicycle costs R320. How much will two bicycles cost?

R320 + R320 = R640 or R320 x 2 = R640

UNkanyiso uthenge iibhulukhwe ezimfutshane ezine ngama-R55 inye. Uza kufumana itshintshi yamalini kuma-R300?
Nkhanyiso bought four pairs of shorts for R55 each. How much change will he get from R300?

R55 x 4 = R220 or R55 + R55 + R55 + R55 = R220

R300 - R220 = R80

2 Yimalini itshintshi ukuba ubhatala nge-R100?

How much change if you pay with R100?



uthenga you buy	ixabiso lilonke total cost	itshintshi change
	R10 + R10 + R10 + R15 + R5 = R50	R100 – R50 = R50
	R7 + R3 + R3 + R3 + R3 + R10 = R26	R100 – R26 = R74
	R15 + R5 + R5 + R5 + R5 + R7 + R7 = R49	R100 – R49 = R51
	R10 + R10 + R10 + R10 + R3 + R3 + R15 + R15 = R76	R100 – R76 = R24
	R5 + R5 + R5 + R5 + R5 + R7 + R7 + R7 + R7 = R53	R100 – R53 = R47
	R3 × 9 = R27 or repeated addition	R100 – R27 = R73
	R15 + R15 + R15 + R15 + R7 + R7 = R74	R100 – R74 = R26
	R10 + R10 + R15 + R15 + R5 + R5 + R3 + R3 + R7 + R7 = R80	R100 – R80 = R20

Addition and subtraction word problems

IZIBALO ZENTLOKO (MENTAL MATHS) | NDINIKE ELINGAPHEZULU KUNO (GIVE ME MORE THAN) → UPHUHLISO LWENGQIQO (CONCEPT DEVELOPMENT) → UMDLALO (GAME) → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA (WORKSHEETS)

UPHUHLISO LWENGQIQO | CONCEPT DEVELOPMENT

UNtobe unezijungqe ezibini zentambo. Esinye side kangange-153 cm, esinye singama-429 cm ubude. Zide kangakanani ezi ntambo xa zidityanisiwe?

Ntobe has 2 pieces of rope. One is 153 cm long and the other is 429 cm long. How long are both pieces altogether?

Ukuba uNtobe usebenzise ubude besijungqe esinye ukuze abonise ubude obungama-287 cm, sesiphi isijungqe aza kusisebenzisa?

If Ntobe had to use one of her lengths of rope to show a length of 287 cm, which piece would she use?

Kufuneka sidibanise ubude bezijungqe zozibini.

153 cm + 429 cm = 582 cm

We need to add the two lengths together.

Kuza kufuneka asebenzise isijungqe esinobude obungama-429 cm kuba esinye isijungqe sifutshane kakhulu.

She would have to use the 429 cm rope because the other one is too short.

Ukuba uNtobe usika isijungqe esingama-287 kwintambo engama-429 ubude, uza kushiyekelwa sisijungqe eside kangakanani?

If Ntobe cuts a 287 cm piece off her 429 cm rope, how much rope would she have left over?



Singathabatha.
Uza kushiyekelwa yintambo engange-142 cm.

429 cm – 287 cm = 142 cm.

We can subtract.
She would have 142 cm left over.

Phinda la manyathelo nangezinye iingxaki zokudibanisa nokuthabatha. Bakhuthaze abafundi ukuba bacinge ngamaqhinga abanokuwasebenzisa ekusombululeni ezo ngxaki.

Repeat the steps with other addition and subtraction problems. Encourage learners to think about what strategies they use to solve the problems.

IVEKI • WEEK 8

USUKU 2 • DAY 2

lingxaki zamagama zokudibanisa nokuthabatha
Addition and subtraction word problems

IZIBALO ZENTLOKO (MENTAL MATHS) — NDINIKE ELINGAPHEZULU KUNO (GIVE ME MORE THAN) → UMDLALO (GAME) → UPHUHLISO LWENGQIQO (CONCEPT DEVELOPMENT) → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA (WORKSHEETS)

1 Ndine-R150. Zeziphi izinto endinokuzithenga evenkileni? Dwelisa izinto zibe ne onokukhetha kuzo.
I have R150. Which items can I buy from the shop? List four options.



1	Ndingathenga ihempe, ushoti, ikephusi nejini. I can buy a shirt, shorts, a cap and jeans.
2	jersey, jeans, cap and t-shirt – R150
3	shorts, t-shirt, cap and jeans – R125
4	jeans, shorts, jersey – R130

Let learners write the total amount

2 Dibanisa.
Add.

125 + 53 = 178	801 + 154 = 955	564 + 132 = 696
331 + 208 = 539	75 + 717 = 792	664 + 87 = 751

3 Ndine-15 kg yomgubo. Umhlobo wam une-12 kg yeswekile. Umnakwethu yena une-35 kg yeetapile. Zinobunzima obungakanani zizonke ezi zinto?
I have 15 kg of flour. My friend has 12 kg of sugar. My brother has 35 kg of potatoes. How much do all the ingredients weigh altogether?

15 kg + 12 kg + 35 kg = 62 kg

74

Addition and subtraction word problems

4 UFana uthenga i-625 g yesivundisi. Upha uMandla i-134 g. Singakanani isivundisi sikaFana esiseleyo?

Fana buys 625 g of compost. He gives 134 g to Mandla. How much compost does Fana have left?

625 g – 134 g = 491 g

5 UNosipho uneentambo ezi-5 ezinobude obahlukileyo. Intambo nganye inobude bayo obungama-35 m, 29 m, 45 m, 11 m, nama-52 m. Buyintoni ubude bezi ntambo budibene?

Nosipho has 5 lengths of rope. The ropes measure 35 m, 29 m, 45 m, 11 m and 52 m. What is the total length of the ropes?

35m + 29 m + 45m + 11m + 52m = 172m

6 UNtando une-R130. Uthenga ithoyi yokudlala nge-R37, incwadana nge-R16, ibhola nge-R11 nejezi nge-R54. Ziyimalini zizonke ezi zinto?

Ntando has R130. He buys a toy for R37, a notebook for R16, a ball for R11 and a jersey for R54. What is the total cost of his items?

R37 + R16 + R11 + R54 = R118

Uza kufumnana itshintshi yamalini?

How much change will he get?

R130 – R118 = R12

7 UThandekile une-R200. Uthenga isikuta nge-R113, ibhokisi yeetshokolethi nge-R27 nencwadi nge-R45. Zixabisa malini zizonke ezi zinto?

Thandekile has R200. She buys a scooter for R113, a bar of chocolate for R27 and a book for R45. What is the total cost of her items?

R113 + R27 + R45 = R185

Uza kufumnana itshintshi yamalini?

How much change will she get?

R200 – R185 = R15

Izinto ezine-3-D (eziqengqelekayo nezityibilikayo)

IZIBALO ZENTLOKO
MENTAL MATHS

NDINIKE ELINGAPHEZULU KUNO
GIVE ME MORE THAN

→ UPHUHLISO LWENGQIQO
CONCEPT DEVELOPMENT

→ UMDLALO
GAME

→ AMAPHEPHA OKUSEBENZELA
WORKSHEETS

UPHUHLISO LWENGQIQO | CONCEPT DEVELOPMENT

Zeziphi izinto ocinga ukuba ziyaqengqeleka?
Which of the objects do you think you can roll?

Kuthiwa ziingqakumba!
They are called spheres!

Izinto ezimile okwebhola ziyaqengqeleka kuba zigobile.
The ball-shaped objects can roll because they are curved.

Zeziphi izinto ocinga ukuba ziyatyibilika?
Which of the objects do you think you can slide?

Zona kuthiwa ziiprizimu!
Those are called prisms!

Izinto ezimile okwebhokisi ziyatyibilika kuba zinamacala amcaba.
The box-shaped objects can slide because they have flat sides.

Zeziphi izinto ocinga ukuba zinokuqengqeleka ziphinde zityibilike?
Which of the objects do you think you can slide and roll?

Ziisilinda!
Cylinders!

Iisilinda ziyakwazi ukuqengqeleka nokutyibilika kuba zinamacala agobileyo namcaba.
Cylinders can slide and roll because they have both curved and flat faces.

Nika abafundi amathuba okuqengqelana nokutyibilikiselana izinto ezikhoyo. Bakhuthaze baxoxe ngezinto abaziqaphelayo ngezi zinto zombini nendawo ezikuyo.

Provide opportunities for learners to slide or roll objects to each other. Encourage them to discuss what they notice about both the objects and their movement.

3-D objects (roll and slide)

IVEKI • WEEK 8

USUKU 3 • DAY 3

Izinto ezine-3-D (eziqengqelekayo nezityibilikayo)
3-D objects (roll and slide)

IZIBALO ZENTLOKO (MENTAL MATHS) — NDINIKE ELINGAPHEZULU KUNO (GIVE ME MORE THAN) → UMDLALO (GAME) → UPHUHLISO LWENGQIQO (CONCEPT DEVELOPMENT) → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA (WORKSHEETS)

1 Jonga imiphezulu yezi zinto. Bhala uxele ukuba imiphezulu yazo imcaba na okanye igobile.
Look at the surfaces of the objects. Write down whether the surfaces are flat or curved.

izinto ezikhoyo objects	imiphezulu emcaba okanye egobileyo flat or curved surfaces
iibhola balls 	curved
iibhokisi boxes 	flat
iisilinda cylinders 	curved
iiphiramidi pyramids 	flat
iikhowuni cones 	curved

2 Phendula le mibuzo.
Answer the questions.

into ekhoyo object	imiphezulu emcaba / egobileyo? flat surfaces / curved surfaces?	iyaqengqeleka / iyatyibilika? roll / slide?
	egobileyo curved	qengqeleka roll
	flat	slide
	curved	roll

Izinto ezine-3-D (eziqengqelekayo nezityibilikayo)

3 Khangela izinto ezikhoyo eklasini ezine-3-D. Zisebenzise ekuzaliseni le theyibhile.

Look around the classroom for 3-D objects. Use these to fill in the table below.

Zoba into ekhoyo. Draw the object.	imiphezulu emcaba / egobileyo / imiphezulu emcaba negobileyo flat surfaces / curved surfaces / flat and curved surfaces	iyaqengqeleka / iyatyibilika / iyaqengqeleka ityibilike roll / slide / roll and slide
Learners will use objects in the classroom, e.g. dustbin	flat surfaces	slide

Describing 3-D objects

IZIBALO ZENTLOKO (MENTAL MATHS) | NDINIKE ELINGAPHEZULU KUNO (GIVE ME MORE THAN) → UPHUHLISO LWENGQIQO (CONCEPT DEVELOPMENT) → UMDLALO (GAME) → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA (WORKSHEETS)

UPHUHLISO LWENGQIQO | CONCEPT DEVELOPMENT

Faka isandla sakho engxoweni uve into ibe nye.
Put your hand in the bag and feel one object.

Ndiva into enamacala agobileyo. Yibhola.
I feel an object that has curved sides. It is a ball.

Ewe! Elinye igama lebhola yingqakumba.
Yes! Another name for a ball is a sphere.

Ndiva into enamacala amcaba yonke. Onke amacala avakala ngokufanayo, ngoko ke ndicinga ukuba yityhubhu.
I feel an object that has flat sides all around. All the sides feel about the same, so I think it is a cube.

Ndiva into enomphantsi omcaba nangqukuva ze ibe tsolo phezulu oku kwekhowuni yeayisikhrimu.
I feel an object that has a round, flat bottom and it comes up to a point like an ice cream cone.



Kunjalo! Yikhowuni!
Yes! That is a cone!

Nika abafundi amathuba okuphatha bazive zonke izinto ezine-3-D ezisengxoweni. Sebenzisa eli thuba ukusebenzisa amagama achanekileyo kwezi zinto zine-3-D: ingqakumba, iprizimu eluxande/ eyirekthengile, isilinda, iphiramidi, ikhowuni, iityhubhu. Thetha ngeempawu zazo.

Provide opportunities for learners to feel all the 3-D objects in the bag. Use this opportunity to use the correct terms for the 3-D objects: sphere, rectangular prism, cylinder, pyramid, cone, cube. Speak about their characteristics.

Ukuchaza izinto ezine-3-D

IVEKI • WEEK 8

USUKU 4 • DAY 4

Ukuchaza izinto ezine-3-D
Describing 3-D objects

IZIBALO ZENTLOKO (MENTAL MATHS) → NDINIKE ELINGAPHEZULU KUNO (GIVE ME MORE THAN) → UMDLALO (GAME) → UPHUHLISO LWENGQIQO (CONCEPT DEVELOPMENT) → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA (WORKSHEETS)

1 Krwela imigca utshatise izinto nezinto ezichanekileyo ezine-3-D.

Draw lines to match the objects to the correct 3-D object.

isilinda cylinder		
ikhowuni cone		
iprizimu eyirekthengile rectangular prism		
iphiramidi pyramid		
ityhubhu cube		
ingqakumba sphere		

78

Describing 3-D objects

2 Sebenzisa amagama akuvimba wamagama uthiye izinto ezine-3-D.

Use the words from the word bank to name the 3-D objects.

ingqakumba sphere	**iprizimu eyirekthengile** rectangular prism	**isilinda** cylinder	**iphiramidi** pyramid	**ikhowuni** cone	**ityhubhu** cube

			
cylinder	rectangular prism	cube	rectangular prism
			
triangular prism	cube	sphere	cone
			
sphere	cone	triangular prism	cylinder

3 **Zingaphi iimilo ozibonayo? Thetha nomhlobo wakho.**

How many shapes do you see? Talk to your friend.

IVEKI • WEEK 8

USUKU 5 • DAY 5

Uqukaniso
Consolidation

IPHEPHA LOKUSEBENZELA WORKSHEET → IPHEPHA LOKUSEBENZELA WORKSHEET

Masithethe ngeMaths!
Let's talk Maths!



NgesiXhosa sithi:	In English we say:
umphezulu omcaba	flat surface
umphezulu ogobileyo	curved surface
ikhowuni	cone
iprizimu	prism
ityhubhu	cube

1 UNtando uthenga umgubo ongama-500 g. Upha uThandi ama-350 g. Ungakanani umgubo kaNtando oshiyekileyo.
Ntando buys 500 g of flour. He gives 350 g to Thandi. How much flour does Ntando have left?

500g − 350g = 150g

2 UFana uthenga amalaphu anemibala ebomvu, ezuba, eluhlaza namthubi. Ilaphu elibomvu lide kangange-79 m, elizuba kangange-64 m, eliluhlaza kangange-53 m ze elimthubi libe nobude obungama-88 m. Bungakanani ubude bala malaphu xa budibene?
Fana buys red, blue, green and yellow fabric. The red fabric is 79 m, the blue is 64 m, the green is 53 m and the yellow is 88 m. What is the total length of all the fabric?

79 m + 64m + 53m + 88 m = 284 m

3 UPhindi une-R200. Uthenga iibhutsi zesoka nge-R68, izikhuseli-mbande nge-R23 neeglavu zikanopali nge-R41. Zixabisa malini izinto azithengileyo zizonke, kwaye uza kufumana itshintshi yamalini?
Phindi has R200. She buys soccer boots for R68, shin pads for R23 and goalie gloves for R41. What is the total cost of her items and how much change will she get?

R68 + R23 + R41 = R132 R200 − R132 = R68

80

Assessment and consolidation

4

ingqakumba sphere	iprizimu eyirekthengile rectangular prism	isilinda cylinder	iphiramidi pyramid	ikhowuni cone	ityhubhu cube

Thiya ezi zinto amagama ezinto ezine-3-D.

Name these objects as 3-D objects.

					
rectangular prism	cube	cylinder	sphere	pyramid	cone
					
cylinder	cone	cube	rectangular prism	cylinder	sphere

5 Zoba umfanekiso ngezinto ezine-3-D.

Draw a picture using 3-D objects.

any suitable picture using 3D objects

izinto ezine-3-D

	Izixhobo
Izibalo zentloko: Ndinike inani elingaphantsi ngo-1, 2, 3, 4, 5 okanye elingaphantsi nge-10	oonotsheluza bakatitshala nababafundi
Umdlalo: IMaths ekhawulezayo ngamakhadi nedayisi: lingaphantsi ngo-1, 2, 3, 4, okanye ngesi-5	oonotsheluza babafundi nedayisi.

Usuku	Umsebenzi wesifundo	Izixhobo zezifundo
1	Ukwakha ngezinto ezine-3-D	iLAB, ingqokelela yezinto ezine-3-D (iibhola, iibhokisi neesilinda), ipowusta yezinto ezine-3-D
2	Ukuthelekisa izinto ezine-3-D	iLAB, ingqokelela yezinto ezine-3-D (iibhola, iibhokisi neesilinda), ipowusta yezinto ezine-3-D, iinethi zeemilo ezine-3-D
3	Iimbuso zezinto ezine-3-D	iLAB, ingqokelela yezinto ezine-3-D (iibhola, iibhokisi neesilinda), ipowusta yezinto ezine-3-D, iinethi zeemilo ezine-3-D, iphepha elingasebenziyo
4	Izinto ezine-3-D	iLAB, ingqokelela yezinto ezine-3-D (iibhola, iibhokisi neesilinda), ipowusta yezinto ezine-3-D
5	Uqukaniso novavanyo olujolise ekufundeni	iLAB

Emva kwale veki umfundi kufuneka akwazi ukwenza oku:	✓
ukwakha nokuchitha imifuziselo ye-3-D ngezinto ezine-3-D.	
ukuchaza iimpawu zezinto ezine-3-D.	
ukunakana iimilo ezine-2D ezisetyenziswe ekwenzeni iimbuso zezinto ezine-3-D.	

Uvavanyo

Akukho vavanyo lusesikweni kule veki.

Kufuneka ubaqaphele yonke imihla abafundi abaseklasini yakho kwaye uthathe amanqaku njengenxalenye yovavanyo oluqhubekayo olungekho sesikweni olujolise ekufundeni.

3-D objects

	Resources
Mental Maths: Give me less than: 1, 2, 3, 4, 5 or 10 less	teacher and learner flard cards
Game: Fast maths with cards and dice: 2, 3, 4 or 5 less	learner flard cards and dice



Day	Lesson activity	Lesson resources
1	Building with 3-D objects	LAB, an assortment of 3-D objects (balls, boxes and cylinders), 3-D objects poster
2	Comparing 3-D objects	LAB, an assortment of 3-D objects (balls, boxes and cylinders), 3-D objects poster, 3-D shape nets
3	Faces of 3-D objects	LAB, an assortment of 3-D objects (balls, boxes and cylinders), 3-D objects poster, 3-D shape nets, scrap paper
4	3-D objects	LAB, an assortment of 3-D objects (balls, boxes and cylinders), 3-D objects poster
5	Consolidation and assessment for learning	LAB

After this week the learner should be able to:	✓
construct and deconstruct 3-D models using 3-D objects.	
identify the characteristics of 3-D objects.	
recognise the 2-D shapes used to make up the faces of 3-D objects.	

Assessment

There is no formal assessment this week.

You should observe the learners in your class daily and make notes as part of your informal ongoing assessment for learning.

Izinto ezine-3-D

Izibalo zentloko

Kwizibalo zentloko zale veki siza kugxila kwiingqiqo zenani elingaphantsi kunelinye. Utitshala uza kuveza inani elimivo emi-2 okanye elimivo emi-3 esebenzisa oonotsheluza, ze abafundi baveze amanani angaphantsi ngo-1, 2, 3, 4, 5, okanye nge-10 besebenzisa ababo oonotsheluza. Oonotsheluza banceda abafundi ekuphuhliseni ukuqonda kwabo amanani ngeli xesha besebenza ngamakhadi, besakha amanani enziwa ngemivo, ama-10 nama-100. Thetha nabo ngamanani abawakhileyo.

Umdlalo

Kule veki sidlala umdlalo othi iMaths ekhawulezayo ngamakhadi nedayisi: lingaphantsi ngo-1, 2, 3, 4, 5 okanye ngesi-6! Lo mdlalo unika abafundi amathuba okuthabatha u-1, 2, 3, 4, okanye isi-5 kwinani elithile. Umfundi omnye uveza inani elinemivo emi-2 okanye emi-3 ngoonotsheluza. Omnye umfundi uphosa idayisi aze athabathe u-1, 2, 3, 4, 5 okanye isi-6 kwelo nani livelileyo. Lo mdlalo uza kunceda abafundi baziqhelise ukuthabatha amanani anomvo omnye ngokukhawuleza nalula.

Uphuhliso lwengqiqo

Kumsebenzi wale veki wezinto ezine-3-D, abafundi babethelela ulwazi lwabo lweempawu zezinto ezine-3-D. Baxoxa ngeembuso zezinto ezikhoyo ezine-3-D, bachaze iimilo ezine-2-D ezenza ezi mbuso. Kwakhona basebenzisa izinto ezine-3-D ukwakha nokuchitha imifanekiso becinga ngezinto ezenza ukuba zizinze.
Kule veki siza kugxila koku:

- ukwakha nokuchitha imifanekiso ye-3-D besebenzisa izinto ezine-3-D.
- ukuchaza iimpawu zezinto ezine-3-D.
- ukunakana iimilo ezine-2-D ezisetyenziswe ekwenzeni iimbuso zezinto ezine-3-D.

Into emayiqatshelwe kule veki

- Bakhuthaze abafundi ukuba baziphathe ezi zinto zine-3-D xa befunda ngeempawu zazo. Ukuba akukho zimilo zaneleyo zokunika onke amaqela, babonise ngeemilo zakho ubavumele ukuba beze ngaphambili eklasini ukuze baziphathe bazive xa kufuneka benze njalo.
- Bakhuthaze abafundi bancokole ukuze baphuhlise ulwimi lwabo lwemathematika besebenzisa isigama esichanekileyo: **iimilo ezine-2D**, **izinto ezikhoyo ezine-3-D**, **iimilo zeebhola**, **ingqakumba**, **iimilo zeebhokisi**, **iiprizimu**, **iisilinda**, **iiphiramidi**, **iikhowuni**, **umphezulu ogobileyo**, **iyaqengqeleka**, **iyatyibilika**, **umphezulu omcaba**, **ityhubhu**, **iiprizimu ezizirekthengile**, **ubuso**

3-D objects

Mental Maths

This week we focus on the concept of less than in Mental Maths. Show the class a 2- or 3-digit number using your flard cards and tell learners to show a number 1, 2, 3, 4, 5 or 10 less using their flard cards. The flard cards allow learners to develop their number sense while they work with them to construct numbers made of 1s, 10s and 100s. Talk to them about the numbers they make.

Game

This week we play the game Fast maths with cards and dice: 1, 2, 3, 4, 5 or 6 less than! The game provides opportunities for the learners to subtract 1, 2, 3, 4 or 5 from a number. One learner shows a 2- or 3-digit number using flard cards. The other learner throws a dice and must subtract 1, 2, 3, 4, 5 or 6 from the number that is shown. This game will help learners to practice subtracting single digit numbers quickly and easily.

Concept development

In this week's work on 3-D objects, learners consolidate their knowledge of the characteristics of 3-D objects. They discuss the faces of the 3-D objects and identify the 2-D shapes that make up these faces. They also use 3-D objects to construct and deconstruct models, thinking about what makes items balance. This week we focus on:

- constructing and deconstructing 3-D models using 3-D objects.
- identifying the characteristics of 3-D objects.
- recognising the 2-D shapes used to make up the faces of 3-D objects.

What to look out for this week

- Encourage learners to actively handle real 3-D objects as they learn about their characteristics. If you do not have enough shapes to give all the groups of learners a set, demonstrate using shapes and allow the learners to come to the front of the class and experiment with the real objects when they need to.
- Encourage conversation between learners so that they can develop their mathematical language using the correct vocabulary: **2-D shapes**, **3-D objects**, **ball shapes**, **spheres**, **box shapes**, **prisms**, **cylinders**, **pyramids**, **cones**, **curved surface**, **roll**, **slide**, **side**, **flat surface**, **cube**, **rectangular prism**, **face**

Ukwakha ngezinto ezine-3-D

IZIBALO ZENTLOKO (MENTAL MATHS) — NDINIKE INANI ELINGAPHANTSI (GIVE ME LESS THAN) → UPHUHLISO LWENGQIQO (CONCEPT DEVELOPMENT) → UMDLALO (GAME) → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA (WORKSHEETS)

IZIBALO ZENTLOKO | MENTAL MATHS

Veza ngoonotsheluza amanani angaphantsi ngo-1, 2, 3, 4, 5 okanye nge-10.

Use flard cards to show 1, 2, 3, 4, 5 or 10 less.

Ukhumbule ukuqinisekisa umhla nokuphawula irejista yonke imihla.

Remember to check the date and mark the register every day.

Veza elingaphantsi ngesi-3.
Show me 3 less.

1

Ama-80 angaphantsi ngesi-3 kunama-83.
80 is 3 less than 83.

2

Veza elingaphantsi nge-10.
Show me 10 less.

3

Ama-489 angaphantsi nge-10 kunama-499.
489 is 10 less than 499.

4

Building with 3-D objects

Imisetyenzana yokutyebisa • Enrichment activities

Usuku 1 Day 1

Dibanisa.
Add.

146 + 372 = _____

452 + 246 = _____

668 + 121 = _____

533 + 465 = _____

758 + 250 = _____

420 + 366 = _____

277 + 721 = _____

154 + 643 = _____

331 + 567 = _____

204 + 704 = _____

Usuku 2 Day 2

Dibanisa.
Add.

742 + 151 = _____

205 + 644 = _____

509 + 430 = _____

175 + 821 = _____

600 + 288 = _____

263 + 111 = _____

549 + 250 = _____

156 + 442 = _____

381 + 318 = _____

642 + 184 = _____

Usuku 3 Day 3

Dibanisa.
Add.

252 + 144 = _____

344 + 534 = _____

471 + 222 = _____

692 + 303 = _____

537 + 461 = _____

111 + 888 = _____

231 + 437 = _____

542 + 551 = _____

320 + 350 = _____

661 + 222 = _____

Usuku 4 Day 4

Dibanisa.
Add.

213 + 266 = _____

461 + 436 = _____

553 + 112 = _____

678 + 321 = _____

341 + 555 = _____

241 + 251 = _____

511 + 411 = _____

432 + 234 = _____

612 + 331 = _____

521 + 160 = _____

Ukwakha ngezinto ezine-3-D

IZIBALO ZENTLOKO (MENTAL MATHS) — NDINIKE INANI ELINGAPHANTSI (GIVE ME LESS THAN) → UPHUHLISO LWENGQIQO (CONCEPT DEVELOPMENT) → UMDLALO (GAME) → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA (WORKSHEETS)

UPHUHLISO LWENGQIQO | CONCEPT DEVELOPMENT

Ucinga ukuba ndingakwazi ukuzinzisa ibhokisi phezu kwebhola?
Do you think I can get the box to balance on the ball?

Hayi – iya kuwa ibhokisi.
No – the box will fall off.

Kutheni ucinga ukuba ayinakuzinza ibhokisi phezu kwebhola?
Why do you think the box won't balance on the ball?



Ibhola inamacala angqukuva. Ukuba ndibeka ibhokisi phezu kwayo, iya kuqengqeleka ibhola iwe ibhokisi.
The ball has curved sides. If I try put the box on top of it, the ball will roll and the box will fall.

Ucinga ukuba kuya kwenzeka ntoni ukuba ndibeka ibhola phezu kwebhokisi?
What do you think will happen if I try put the ball on top of the box?

Ibhokisi inamacala amcaba ngoko ke ayisayi kushukuma. Ingangaqengqeleki ibhola ukuba ndinononophelo.
The box has flat sides so it will stay still. The ball might not roll off if I am careful.

Ungakwazi ukufumana enye into ene-3-D enokuzinza ngcono phezu kwebhokisi?
Can you see a different 3-D object that would balance better on the box?

Ungabeka iphiramidi phezu kwebhokisi. Inompantsi omcaba ngoko ke iya kuhlala kakuhle phezu kwebhokisi.
You could put the pyramid on top of the box. It has a flat bottom so it will stay on the box.

Phinda la manyathelo angasentla ngezinto ezahlukileyo ezine-3-D. Bakhuthaze abafundi ukuba bazakhele imifuziselo/imifanekiso, ngeenjongo zokubona ukuba yeyiphi ezinza kakuhle. Bancede abafundi bachaze ukuba kutheni kulula nje ukwakha ngezinye izinto kodwa akunjalo ngezinye.

Repeat the steps above with a variety of 3-D objects. Encourage the learners to construct models for themselves, testing to see what balances well. Help them identify why it is possible to create constructions with some objects and not with others.

Building with 3-D objects

IVEKI • WEEK 9

USUKU 1 • DAY 1

Ukwakha ngezinto ezine-3-D
Building with 3-D objects

IZIBALO ZENTLOKO – MENTAL MATHS | NDINIKE INANI ELINGAPHANTSI – GIVE ME LESS THAN → UMDLALO – GAME → UPHUHLISO LWENGQIQO – CONCEPT DEVELOPMENT → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA – WORKSHEETS

Umdlalo: Imaths ekhawulezayo ngamaKhadi – thabatha
Game: Fast maths with cards – subtract

- Dlalani ngababini.
  Play in pairs.
- Veza inani ngoonotsheluza bakho.
  Show a number using your flard cards.
- Phosa idayisi – thabatha!
  Throw a dice – subtract!
- Phinda kwakhona!
  Do it again!

1 Biyela ngesangqa izakhiwo ezinokwakhiwa ngezinto ezine-3-D kwikholamu yokuqala.
Circle the constructions that can be built using the two 3-D objects in the first column.



Ukwakha ngezinto ezine-3-D

2 Tshatisa into ene-3-D nesakhiwo esichanekileyo.

Match the 3-D objects to the correct construction.



3 Fakela umbala kwizinto ezine-3-D ezenza isakhiwo ngasinye.

Colour the 3-D objects that make up each construction.



4 Zeziphi izinto ezine-3-D ozibonayo? Bhala amagama azo.

What 3-D objects can you see? Write the names.

		
ikhowuni cone	cone	cylinder
ityhubhu cube	cylinder	rectangular prism

Comparing 3-D objects

IZIBALO ZENTLOKO (MENTAL MATHS) NDINIKE INANI ELINGAPHANTSI (GIVE ME LESS THAN) → UPHUHLISO LWENGQIQO (CONCEPT DEVELOPMENT) → UMDLALO (GAME) → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA (WORKSHEETS)

UPHUHLISO LWENGQIQO | CONCEPT DEVELOPMENT

Yakha izinto ezine-3-D ngeenethi. Thetha neqabane lakho. Lixelele ukuba imilo nganye ineembuso ezingaphi.
Build your 3-D objects using nets! Talk to your partner. Tell them how many faces each object has.

Nika abafundi ixesha elaneleyo lokwakha izinto ezine-3-D. Kufuneka bathethe ngazo ngeli xesha bazakhayo, besebenzisa ulwimi lwemathematika.

Give the learners time to build their 3-D objects. They should talk about the objects while they build, using mathematical language.

Jonga ikhowuni nesilinda. Zifana njani?
Look at the cone and the cylinder. How are they the same?

Zombini zinemiphezulu emcaba negobileyo.
Both objects have flat and curved surfaces.

Zahluke ngantoni ezi zinto?
What is different about these objects?

Ikhowuni inecala elinye elitsolo, kodwa yona isilinda inamacala amabini amcaba.
The cone has one pointy end but both ends of the cylinder are flat.

Isilinda inemiphezulu emcaba emibini, ikhowuni inomphezulu omcaba omnye.
The cylinder has two flat surfaces but the cone has one flat surface.

Phinda la manyathelo angasentla nezinye izinto ezine-3-D, uzithelekise ngokweempawu zazo. Khuthaza abafundi ukuba baxoxe ngezinto ezifana okanye ezahluke ngazo izinto ezimbini ngexesha. Umzekelo, ityhubhu neprizimu eyirekthengile; ikhowuni nephiramidi; ikhowuni nengqakumba; ityhubhu nephiramidi; ingqakumba neprizimu eyirekthengile.

